

ULWAZI NGEPROJEKTHI

Isihloko: Ingxelo ehlaziyiweyo ecetywayo yoHlolo lweMpembelelo yokusiNgqongileyo (Inguqulelo 2) kwiSikhululo saMandla eNyukliya sakwaEskom kunye neZixhobo ezihambelana naso (i-Nuclear-1)

ULawulo lokusiNgqongileyo: ISebe leMicimbi yokuSingqongileyo (i-DEA)

Inombolo yokubhekiselela ye-DEA: 12/12/20/944

Umfaki-sicelo: I-Eskom Holdings Limited

Abacebisi bokusiNgqongileyo: GIBB (Pty) Ltd

Umhla: Agasti 2015

lingxelo zeAfrikaans neSingesi zolu Shwankathelo loPhumezo zincanyatheliswe kule ngxelo kwaye ziyafumaneka kwa-GIBB Public Participation Office; Umnxeba: 012 348 5880 Ngeeyure zoMsebenzi: uMvulo ukuya kuLwesihlanu – 09h00 ukuya kwi-13h00 ngaphandle kweeholide zikawonkewonke; Ifeksi: 012 348 5878 ne-imeyile: nuclear1@gibb.co.za). Ingxelo yeSingesi yolu xwebhu yiKopi yeSiseko.


ISISHWANKATHELO SEQUMRHU ELILAWULAYO

ISISHWANKATHELO

Isiphumo esingundoqo sale Ngxelo eHlaziyiweyo eYilwayo yeMpembelelo yokusiNgqongileyo Inguqulelo 2 sesokuba inconyiwe ukuba i-DEA iqwalasele ukugunyazisa isiza saseThyspunt ukwenzela iSikhululo saMandla seNyukliya sakwaEskom, nemiqathango.

U-Eskom Holdings (SOC) Limited (u-Eskom) uceba ukwakha, ukusebenzisa nokuyekisa ukusebenza isikhululo esiqhelekileyo samandla enyukliye eMzantsi Afrika, ukuze akwazi ukumelana neemfuno ezipheleleyo zombane. Kumazwe amaninzi kuqukwa noMzantsi Afrika, ukukhula kwezoqoqosho kunye neemfuno zabahlali kubangela iimfuneko ezinkulu kakhulu kunakuqala zamandla, nangona kukho impucuko eqhubekayo nekhawulezileyo yobuchule bezamandla ombane. Ngenxa yoku, kufanele kufakelwe umthamo omtsha wokuvelisa umbane ukwanelisa iimfuno ezikhulayo zamandla ombane.

Ivelisiwe intlaninge yoqikelelo olwahlukileyo lokunyuka kweemfuneko zamandla ombane kwixesha elizayo, kusekelwe kwiimeko ezithile ezohlukileyo ezinokuthi zibe khona kuphuhliso lwezoqoqosho lwaseMzantsi Afrika. Olunye uphando lolu qikelelo olwenzelwe i-IRP 2010 lubonisa iimeko ezohlukileyo eziphandiweyo. Imeko esetyenziswe kwi IRP 2010 “elungiselelwe umgaqo-nkqubo” yeyona Mfuneko iNkulu ePhakathi (Moderate Maximum Demand) njengoko iboniswa leli nani lingezantsi. Le imeko ibonisa ukukhula kweyona mfuneko iphezulu ukusuka kumalunga nama 39 GW ngo 2010 ukuya kumalunga nama 74 GW ngo 2034. Kufanele kugxininise ukuba u Eskom uceba umthamo omtsha ngokusekelwe kwi IRP 2010 (nezilungiso zayo zexesha elizayo) kuhambisana neSebe lezaMandla



limfuno zamandla ombane eziCingelwayo zoMzantsi Afrika ukuya ku 2034 ngokusekelwe kwiimeko ngeemeko ezohlukiileyo (IRP 2010)

Isicwangciso soPhuhliso lweSizwe (IKhomishini eCebayo kaZwelonke 2012) sifuna nangakumbi ukuba iMveliso Eyonke yezaseKhaya (GDP) ibe sele inyuke nge 2.7 ngokubonakalayo ngo 2030, nto leyo ethetha ukunyuka kwe GDP nge 5.4 % ngonyaka. Ukuba esi santya sokukhula okanye nesinganeno koku siyafunyanwa, ukukhula kweemfuneko zamandla ombane kungalindelwa ukuba kuqhubeka yaye kuya kuhlala kufuneka ukwakhiwa komthamo omtsha wokuvelisa umbane eMzantsi Afrika. Ngoko ke, xa kukhangelwa la manani, i-IRP 2010 icingela ukunyuka okumalunga nama 21 GW kweyona mfuneko iphakamileyo xa kufikelelwa ku 2025 namalunga nama 29 GW ngo 2030.

Ngoko UEskom ukuphendula le mfuneko, uceba ulwakhiwo lwendlela yokuveliswa komthamo owongezelelweyo, ohambelana nenkqubo yokuqhubela phambili ukwaneliswa kwamandla ombane, nokuphuhlisa ngokutsha iindlela zokuvelisa umbane. Njengoko kuxeliwe, ngokusekelwe kuqikelelo, kukho imfuneko entsha yamandla ombane angaphezulu kwama-40 000 Megawatts (MW), kwisithuba seminyaka engama-20 ezayo. Isicwangciso esiDityanelweyo seMithomo yaMacedo sowama-2010 esamkelweyo (Integrated Resource Plan 2010), esichaza amacebo obuchule karhulumente okumelana neemfuno ezikhulayo zamandla, sibonisa ukuzinikezela kukarhulumente kulwakhiwo lwamandla enyukliye angama-9 600 MW ngowama-2030. Injongo kaEskom kukwenza uphando malunga nokuba nokwenzeka kokunyuswa kokuveliswa kwamandla enyukliye afunwa nguMzantsi Afrika.

Iimfuneko zowiso-mthetho zezixhobo zenyukliye eMzantsi Afrika zininzi ngokugqithisileyo. Ngokubhekiselele kwisikhululo samandla enyukliye, kudingeka izigunyaziso ezibini ezivela kubalawuli abasemagunyeni abangaba, iSebe leMicimbi yokusiNgqongileyo (i-DEA¹), kunye noMlawuli weSizwe weNyukliye (i-NNR). Ezi zigunyaziso, nezinye eziliqela, ziyadingeka phambi kokuba kuqaliswe ngemisebenzi yokwakha.

Izigunyaziso zokusingqongileyo ngokubhekiselele kuMthetho weSizwe woLawulo lokusiNgqongileyo (i-NEMA, uMthetho onguNombolo. 107 ka-1998), kunye neZigunyaziso ze-EIA Regulations (2006) ziyafuneka phambi kokuba isikhululo esicetywayo samandla enyukliye sakhawe, njengoko ibandakanya le 'misebenzi idwelisiweyo' (o.k.u. imisebenzi enokuthi ibe nempembelelo enokuthi yonakalise okusingqongileyo), eyona iphambili:

- (1a) *Kukusekwa kwezakhiwo nokusetyenziswa kwezixhobo, kubandakanya izakhiwo ezihambelana naso okanye izixhobo, ukuze kuveliswe umbane apho ukuveliswa kombane kungaphezulu kwama-20 Megawatts, ze isakhiwo sibe ngaphezulu kumgama oyihektare enye;*
- (1b) *Kunye nokwakhiwa kwezakhiwo okanye ukusetyenziswa kwezixhobo, kuquka izakhiwo ezibandakanyekayo okanye ukusetyenziswa kwezixhobo zenyukliye, kuquka ukuveliswa, ukukhuliswa, ukusetyenzwa, nokusetyenzwa ngokutsha kokugcinwa okanye ukulahlwa kwamafutha enyukliye, iimveliso zokuqhekeka kwee-athom kunye nenkunkuma.*

U GIBB (Pty) Ltd (GIBB)² uthe watyunjwa nguEskom, njengomSebenzi woHlolo lokusiNgqongileyo (i-EAP), ukuba aqhuba inkqubo yoHlolo lweMpembelelo yokusiNgqongileyo (i-EIA), ze aseke iSicwangciso soLawulo lokusiNgqongileyo (i-EMP), sesikhululo esicetywayo samandla enyukliye (esiza kubizwa ngokuba yi-Nuclear-1 emva koku), kunye nezakhiwo ezihambelana naso. Iqela leengcali lithe lancedisa kwi-EIA, laze laqulunqa iingxelo eziyimfuneko zobungcali.

INkqubo ye-EIA ye-Nuclear-1 iqulathe izigaba ezibini, isiGaba sokuVavanya nesiGaba sokuHlola. Kufakwe isicelo kwi-DEA ngoMeyi ka-2007, saze saguqulwa ngoJulayi ka-2008, sesikhululo esinye samandla enyukliye afikelela kuma-4 000 MW. Isigaba soVavanyo lwe-EIA sesiqukunjelwe. I-DEA,

¹ Ebelisakwaziwa njengeSebe leMicimbi yokusiNgqongileyo noKhenketho

² Ibisakuba ngu Arcus GIBB (Pty) Ltd ngaphambili

ifumene izimvo zoogunyaziwe abachaphazelekayo bezokusiNgqongileyo kwiPhondo yaye zaphumeza iNgxelo yoVavanyo ngoNovemba ka-2008.

Oku kuphumeza kwabandakanya isiphakamiso sokuba ezibini kwezintlanu zeesayithi ezichaseneyo zangaphambili zihlolwe ngethuba lesigaba soVavanyo, eziyiBrazil neSchulfontein eMntla-Koloni, ze zikhutshwe ekubeni ziphinde zibe nokuqwalaselwa kwi-EIA. Ukukhutshwa kwezi sayithi bekusekelwe ngokubhekiselele kwimfuno elinganiselweyo yasekhaya, kunye nokungabikho kweendlela esele zikho zokuhambisa umbane ezihambelana nezi sayithi. I-DEA yaphumeza iSicwangciso sokuGqibela seSifundo se-EIA ngoJanuwari ka-2010.

Ngokusekelwe kwizimvo ezifunyenweyo ze-EIR eYilwayo ebinikwe uluntu negunyabantu ukwenza izimvo ngethuba lowama-2010, i-EIR eYilwayo iye yahlaziywa. I-EIR eYilwayo eHlaziyiweyo (Ushicilelo 1) ye Nuclear-1 yenziwe yafumaneka kuwonke-wonke ukuze kufunyanwe izimvo zabantu ngayo ukususela ngoMeyi 2011 – Agasti 2011. Ngokusekelwe kwizimvo ezivela kwi-DEA nakuwonke-wonke malunga nale ngxelo, kuye kwafuneka olunye uphando nokhangelo olongeziweyo lweengcaphephe. Olu xwebhu luphambi kwethu ngoko ke yiNgxelo Eyilwayo Ehlaziyiweyo yeMpembelelo yokuSingqongileyo (Inguqulelo 2). Lushicilela inkqubo ye-EIA ethe yaqhutywa ukuvavanya iimpembelelo ezinokuthi zibekho zokusingqongileyo zesikhululo samandla enyukliye, kuso nasiphi kwezithathu zeesayithi ezichasene naso ezizezi, i-Duynefontein neBantamsklip eNtshona Koloni neThyspunt eMpuma Koloni. Iquka iingxelo ezithile zeengcali ezihlaziyiweyo yaye yenza izindululo ngokubhekiselele ekumisweni nasekugunyazisweni nasekusekweni okukhuthazwayo kweesayithi ze-Nuclear-1, okusekelezwe kwiziphumo ze-EIA.

IMISEBENZI YEZIPHATHAMANDLA ZIKARHULUMENTE

Ukwaleka kwisigunyaziso sokusingqongileyo ngokwemimiselo ye NEMA, isikhululo samandla enyukliya esibekwe phambili sifuna nesinye isigunyaziso esibalulekileyo esivela kwi National Nuclear Regulator (NNR) phambi kokuba luqale ulwakhiwo. Kwaye, kufuneka nezinye izigunyaziso ezininzi ezivela kumasebe ohlukeneyo, afana neSebe leZimbiwa, iSebe lezemcimbi yezaManzi (DWA), iSebe lezeMicimbi yokuSingqongileyo (DEA), amagunya ezokusingqongileyo kwiphondo kunye ne-Arhente ejongene noButyebi obuLigugu loMzantsi Afrika (South African Heritage Resources Agency), kwakunye namanye amagunya alawulayo afana noMlawuli waMandla kaZwelo-nke eMzantsi Afrika (NERSA) phambi kokuqala kolwakhiwo.

I-National Nuclear Regulator (i-NNR) inikezwe igunya nguMthetho weSizwe woLawulo lweNyukliya (i-NNRA, uMthetho onguNombolo. 47 ka-1999) ukukhusela abantu, izakhiwo neempahla, kunye nokusingqongileyo ekonakalisweni yinyukliye ngokuthi iseke imigangatho yokhuseleko kunye nemisebenzi yolawulo. Ngokuhambelana neCandelo 20 le NNRA, akukho mntu ufanele ukuhlala, ukwakha, ukusebenza, ukucoca ukungcola okanye ukuyekisa ukusebenza kwendawo efakelweyo yenyukliya. ngaphandle kwaphantsi kwesigunyaziso selayisenisi yokufakela ezenyukliya. Icandelo 21 le NNRA lenza isibonelelo somntu onqwenela ukwenza neyiphi kwezi ntshukumo ukuba afake isicelo kuMbhaxeshi oLawulayo (Chief Executive Officer) kwi NNR ukufumana loo layisenisi. Kodwa ke, ngokoMgaqo-Siseko weRiphabhliki yeloMzantsi Afrika, 1996 (Inombolo yoMthetho 108 wango 1996) (“uMgaqo-siseko”) ne NEMA, i DEA inoxanduva lokuthatha izigqibo malunga neempembelelo ezingathi zibe khona zesikhululo samandla kokusingqongileyo, nangona ezi mpembelelo zingathi ziquke ezo zayamene nemiba ethile yeengozi zemitha ye-radiation (radiological hazards) eyayamene nendawo leyo esetyenziswayo.

Kuqwalaselo loxanduva oluntlantlo-mbini kodwa olugqalileyo ngokubhekise kuhlolo novandlakanyo lwemiba yemitha ye-radiation, - isivumelwano sentsebenziswano esigqitywe phakathi kwe DEA ne NNR sapapashwa ngokusesikweni ngowe 18 Julayi 2008. Enye yeenjongo yesi sivumelwano “kukuthintela uphinda-phindo olungafunekiyo noluphephekayo lweenzame” phakathi kwe NNR ne DEA. Inkqubo yogunyaziso ye-NNR ingena kanye kwimiba yenyukliya nokhuseleko lwemitha ye radiation eyayamene nendawo ekwakhiwa kuyo, uyilo, ukwakhiwa, ukusetyenziswa nokuyekiswa kokusebenza kwendawo okanye ziixhobo ezisetyenziswayo kufakelo lwenyukliya. Okunye, uMlawuli-

jikelele we DEA ukhuphe isibhengezo ngo Janyuwari 2009 (Isihlomelo B4) ukuyicacisa ngakumbi injongo yesi sivumelwano. Isibhengezo sibonisa ukuba ukhuseleko lwenyukliya, imitha ye-radiation ne radiology “zingcono xa ziphantsi kwenkqubo yolawulo lwe NNRA yaye ukuphathwa kwale miba minye kwinkqubo ye-EIA kuya kubangela ukuphinda-phindwa okungafunekiyo nokunokuphetshwa.”

Kuqwalaselo lwesi sivumelwano, indlela esetyenziswa yi-EIA, ukuya kuthi ga nokuquka uYilo oluHlaziyiweyo lwe-EIR (Ushicilelo 1) olwakhutshelwa ukufumana izimvo zikawonke-wonke ngo 2011, kukuba “lingxelo zoKhuseleko lweSiza”² ezilungiswe njengenxalenye yenkqubo yogunyaziso lweyayisenisi yenyukliya ziqukiwe njengeZihlomelo kwi EIR eyilwayo, kodwa imiba yemitha ye-radiology ayisayi kuhlolwa ngokuthe vetshe kwi EIA. Kodwa ke, ngokuqaphela iimfuno ze NEMA, imithetho eyayamene noku efana noMthetho woNyuso lwezoBulungisa kuLawulo wango 2000 (Promotion of Administrative Justice Act, 2000) (Inombolo 3 yoMthetho wango 2000) kunye neminye imiba yangaphambili yezomthetho efuna uqwalaselo lwazo zonke izinto ezinefuthe kwimo yentlalo-qoqosho (uqoqosho loluntu) kwinkqubo ye-EIA, uhlobo lwefuthe lwezemitha yenyukliya lwesi sikhululo samandla sibekwa phambili luqukiwe kule nguqululelo yangoku ye-EIR. Nangona le ndlela yokuquka uhlobo lwefuthe lwezemitha yenyukliya lwesi sikhululo samandla sibekwa phambili ubungozi bophinda-phindo phakathi kweenkqubo zelayisenisi ze EIA ne NNR, umngcipheko kwi EIA xa kujongwe izibheni ezingathi zibe khona, ngokusekelwe ekungafakweni kwemiba ebalulekileyo efana nemiba yezempilo kwinkqubo ye EIA, uthathwa njengongaphezulu kunobungozi bophinda-phindo. Olu shicilelo lwangoku lwe EIR ngoko ke luyityeshela kakhulu indlela ebisetyenziswa kolunye ushicilelo lwangaphambili lwe EIR ngokubhekisele ekuqwalaseleni ifuthe lemitha yenyukliya.

Kulo mxholo, kufanele kukhankanywe ukuba iindlela ezisetyenziswa kwinkqubo ye EIA nenkqubo yelayisenisi ye NNR zohluka kakhulu. Umngxilo wenkqubo ye EIA kukuhlola iimpembelelo ezingathi zibe khona zokukhutshwa yimitha yenyukliya (kuqukwa okukhutshwa xa kusetyenzwa ngesiqhelo nakwiimeko zokungazoli). Kodwa ke, umngxilo wenkqubo yelayisenisi ye NNR kukubonakalisa ngaphandle kwentandabuzo eqiqileyo ukuba amanyathelo anzulu okhuselo (umaleko wezixokelelwano zokhuselo ezininzi, ezingeyomfuneko, nezingadibenanga) asetyenziswe kuyilo nokusetyenziswa kwesi sikhululo samandla esibekwe ngaphambili onele ukunciphisa amathuba okusilela okungakhokelela kwintshabalalo ngaphakathi okanye ekusileleni kwesiqulathi sesixhobo esivalele okwenzeka ngaphakathi kwenyukliya, abe kumazinga amkelekileyo nabonisa ukuba akukho bungozi bungenzeka. Ngoko, inkqubo ye EIA igqalise kwiziphumo zokukhutshwa kwemitha ye-radiation. Inkqubo yelayisenisi ye NNR nayo igqalise kwiziphumo kodwa ikwayilelwe ukunciphisa amathuba oko kukhutshwa kwemitha.

INKCAZELO YEPROJEKTHI

Ubuchule be-Pressurised Water Reactor (i-PWR), obusebenzisa amanzi njengesiphozisi, buthe bakhethwa ngu-Eskom ebukhethela i-Nuclear-1. Ii-PWR zikhulisa ukuba zizona ziphenduli zisetyenziswayo kwihlabathi jikelele. U-Eskom uqhelene nobu buchwepheshe buvela kwezempilo nokhuselo, kunye nemibono yentsebenziswano, emva kokubusebenzisa iminyaka engama-30 kwiSikhululo saMandla eNyukliya saseKoeberg (i-KNPS). Isikhululo samandla enyukliya esikuyilo olukuMgangatho wesi-III siyakhethwa nguEskom ngenxa yobulula bokusetyenziswa kunye noburhabaxa boyilo, ukufumaneka, nokuba nokwenzeka okuncitshisiweyo kweengozi zokunyibilikiswa, eyona mpembelelo incinane kokusingqongileyo, okona kusetyenziswa kuninzi kwamafutha kunye nokona kukhutshwa kuncinane kwenkunkuma.

lingcaciso ezipheleleyo zesayithi ecetywayo yenyukliye azikabikho, njengoko kungekabikho mnikezeli ukhethiweyo.

Indlela esetyenzisiweyo kule nkqubo ye-EIA ibe ngoko kukubalula iimfuneko ezigubungelayo zezokusingqongileyo nezinye ezibandakanyekayo, ekufuneka uyilo nokwakhiwa kwesikhululo samandla ombane kwisayithi sizithobele. Kuqulunqwe indlela egubungelayo ukuqinisekisa ukuba

²The Emergency Response Assessment, Site Access Control Report and Human Health Risk Assessment

zimele obona bunjani buthile bakudala obungqamene neminye imizimveliso eyohlukeneyo kubuchwepheshe be-PWR.

Indawo ethe yahlolwa kule EIA ilungiselela ukwanda kwexesha elizayo kwesikhululo samandla ombane, ukuba oku kuthe kwaba nokwenzeka ngokokusingqongileyo nangokobuchwepheshe ngelo xesha. Kuqikelelwa ukuba ukusekwa okudingekayo kukonke ukuze kwakhiwe i-Nuclear-1 (4 000 MW) (esi sicelo) eziihektare ezingama-200 ukuya kuma-280 yaye esi ssicelo sangoku sesiGunyaziso sokusiNggongileyo ngoko ke singama 4 000 MW kuphela. Ukongeza kukusekwa kwesikhululo samandla enyukliya, kuza kuba kho amacandelo amabini ommandla wokuthinta, ngeenjongo zokucwangcisa iimeko zongxamiseko, kwindawo enezakhiwo yesikhululo samandla ombane. Iindawo zokuthinta ezamkelwe kwihlabathi jikelele zisaqwalaselwa ukulungiselela i-Nuclear-1. Kukho ulinganiselo kwindawo eziimitha ezingama-800 kuphuhliso lomhlaba oluya kuthi lunyanzeliswe. I-NNR iya kuthi ithabathe isigqibo sokugqibela ngokuphatelene nobukhulu bendawo yokuthinta, ngokwe-NNRA.

Uludwe lwezakhiwo kwisikhululo esicetywayo samandla ombane luya kubandakanya, *phakathi kwezinye*, iziphenduli namaholo ee-injini zomsinga, kunye nokugcinwa kwamafutha enyukliya, izixhobo zokujongana nenkunkuma, iindawo zokungenisa nokukhupha eziyimfuneko ukugcina/ukukhupha amanzi asetyenzisiweyo ukuze apholise le nkqubo, umzimveliso wokususa ityuwa, imijelo yamandla phakathi kwesiza se-injini, iindlela, iyadi yamandla amakhulu ombane, kunye nasiphi na esinye isakhiwo senkonzo encedisayo. UMzimveliso we-iNjini yomsinga weRhasi oVulelekileyo (i-OCGT), uya kuthi usetyenziselwe ukuveliswa okungxamisekileyo kombane kwisayithi yaseThyspunt.

Kwimeko apho iprojekthi ecetywayo ithe yagunyaziswa, kucingeleka ukuba ulwakhiwo luya kuthatha malunga neminyaka esi-9. Iiyunithi zokuqala ziya kuqala ukuvelisa umbane wezorhwebo ngowama-2023 / 2024³.

INDAWO ESIKUYO ISIKHULULO SAMANDLA ENYUKLIYA

Iindawo ezintathu ezinokukhethwa ezihloliweyo kwiSigaba se EIA zezi:

- I-Duynefontein, esecaleni nakumntla we KNPS kunxweme oluseNtshona Kapa, malunga nama 35 km kumantla esixeko saseKapa. Esi siza sikumhlaba okhoyo we Eskom, oquka umyezo wendalo.
- I-Bantamsklip, eselunxwemeni olusemazantsi eKapa, embindini ophakathi kwe Danger ne Quoin Points. Esi siza siyinxalenye somhlaba we Eskom we Bantamsklip iyonke, yaye usetyenziselwa kakhulu ukuvuna iintyatyambo nokuloba iintlanzi.
- I-Thyspunt, eselunxwemeni lweMpuma-Koloni phakathi kwe Oyster Bay ne St. Francis Bay. Esi siza se Nuclear-1 ebekwa ngaphambili sese Eskom, kodwa kukho iqela lezindlu kumhlaba osecaleni kwaso, ngaphandle kweMimandla ebekwe phambili njengeyokuCebela ngeMo yoNxunguphalo kwisikhululo samandla enyukliya (EPZ).

INKQUBO YE-EIA, INTATHO-NXAXHEBA YOLUNTU NOVAVANYO LWEMPEMBELELO

INKqubo ye-EIA eqhutywa ngokweMimiselo yowama-2006 ye-EIA, ibandakanya iNkqubo yeNtatho-nxaxheba yoLuntu (i-PPP) kunye nezifundo zobuchwepheshe, kwanemiba echongiweyo yaze yahlolwa.

³ Le mihla ingahluka kwimihla equkiweyo kwezinye izahluko ze-EIR. Nangona kunjalo iminyaka yama-2023 / 2024 ihambelana ne-IRP yama-2010 eyamkelwe kutshanje.

INkqubo ecetywayo ithe yaziswa embindini ka-2007, xa kuqaliswa ngobhaliso lwabo baNomdla nabaChaphazelekayo (ii-I&AP), yaye luqhebekile kuyo yonke i-EIA. IiNtsuku ezininzi zokwazisa uLuntu ngokuBanzi, iiNtlanganiso zamaQela zokuGqalisela kuNdoqo kunye namaQela abaChaphazelekayo abaPhambili abanjwa ukwenzela ukuba ii-I&AP zikwazi ukuxoxa ngeziphumo zeNgxelo eYilwayo yokuKhangela ngokuPheleleyo (i-DSR) neqela le-EIA. Izimvo ze-I&AP zaye zadityaniswa kwiNgxelo yeMiba neMpendulo (i-IRR) kunye neNgxelo yokuGqibela yoVavanyo.

Iimpembelelo ezinokuthi zibe kho neziphathelene ne-Nuclear-1, zithe zachongwa kwiSigaba soVavanyo. Iiprojekthi ezohlukeneyo ezichasene nale icetywayo, zithe zabalulwa yaye zadluliselwa phambili ukuze ziqwalaselwe kwiSigaba se-EIA.

Imeko esisiseko kwisayithi nganye echaseneyo ithe yaphandwa ngamachule ezokusingqongileyo yaze yachazwa ngokubhekiselele ngokwemiba yezinto ezibambekayo, yebhayoloji neyasekuhlaleni. Ezinye iimpembelelo ezongezelelweyo zithe zachongwa ngophando loochwepheshe abohlukeneyo (uphando olwenziwe kwikhompyutha nolwenziwe ebantwini ngqo) nangenkqubo eqhubekayo yoonxibelelwano nee-I&AP. Oochwepheshe bathe bahlola ukubaluleka kweimpembelelo ezichongiweyo nezinokuthi zibe kho, baze benza isindululo esifanelekileyo sokuthomalalisa apho kukho imfuneko. Ngethuba leSigaba se-EIA, uluntu nalo luye lwanikezela ngolwazi olubalulekileyo nolungqamene nalo, kunye nolunye ulwazi kwi-EIA, kunye nesiqinisekiso esinisekisiweyo sokuba le miba ithe yaqwalaselwa kuphando lokusingqongileyo. Iziphumo zophando loochwepheshe ziye zadityaniswa zaze zahlolwa kule EIR icetywayo ihlaziyiweyo (Ushicilelo 1) nakule ngxelo ikhoyo ngoku.

Elinye ilungu eliphambili leSigaba se-EIA luhlolo loluntu ngokutsha lweziphumo, ezithe zanikezelwa kule-EIR ecetywayo eHlaziyiweyo (Ushicilelo 1). Zonke ii-I&AP ezibhalisiweyo zither zaziswa malunga nobukho beNgxelo nobeeNtlanganiso zoLuntu ezicetywayo. Iindibano zokubonisana eziBalulekileyo zaBathathi-nxaxheba ziye zabanjwa eNtshona Koloni naseMpuma Koloni. Ubukho be-EIR ecetywayo eHlaziyiweyo (Isilungiso 2) kunye namalungiselelo eeNtlanganiso zoLuntu zithe zapapashwa ngokuthengiswa kumaphephandaba.

I-EIR eYilwayo eHlaziyiweyo (Isilungiso 2) neengxelo ehamba nazo iya kulungiswa, apho kufanelekileyo, ukulandela izimvo ezifunyenweyo ezivela kwii-I&AP ngexesha lophengululo. Iingxelo zokugqibela emva koko ziya kuthunyelwa kwi-DEA ngenjongo yokuqwalaselwa nokuthathwa kwesigqibo.

IZIPHUMO EZIBALULEKILEYO KWIINGUQU

Iinguqu ezibalulekileyo kule-EIR eYilwayo eHlaziyiweyo ukusuka kupapasho lwe-EIR eYilwayo ne EIR eYilwayo eHlaziyiweyo (Ushicilelo 1) yokufumana izimvo ngowama-2010 nowama 2011 ngokuhambelana zezi:

I-Pebble Bed Modular Reactor (PBMR)

- Ukuyekwa kwezicwangciso zoMboniso woMatshini waMandla we-Pebble Bed Modular Reactor (PBMR) e-KNPS. Ngako oko i-EIR eYilwayo eHlaziyiweyo ayiqulathanga ukuxelwa kwezicwangciso ze-PBMR;

Uphando lokuBeka Iso kuManzi aphantsi komhlaba (Groundwater Monitoring Study)

- Ngexesha i-EIR eYilwayo eHlaziyiweyo ibonelelwa izimvo zikawonke-wonke ngo 2011, uphando lwaye lwacinga ngeziphumo zokuBeka Iso kuManzi aphantsi komhlaba ezaziqokelelwe ngonyaka wekhalenda ka 2010. Uhlolo lokuHamba kwaManzi oMhlaba (i-Geohydrological Assessment) luhlaziyiwe ngolwazi oluqokelelweyo lokuBeka Iso kuManzi aphantsi komhlaba oluthe lwaqokelelwa ukusukela ngoko. Oku kuphucula intembeko kuqikelelo lwefuthe kumanzi aphantsi komhlaba kunye nakwimigxobhozo yaye kuphucula intembeko nangakumbi ekusebenzeni kakuhle kwamanyathelo ongenelo abekwe ngaphambili ngakumbi kwisiza sase-Thyspunt;

Olunye ulwazi oluqokelelwe kwinkqubo eqhubekayo yokubeka iso kumanzi aphantsi komhlaba kuzo zontathu ezi ziza luyaluqinisekisa uqikelelo lwefuthe kumanzi aphantsi komhlaba nakwimigxobhozo, yaye luqinisekisa ukuba udonga kwehidroloji olusikiweyo xa kugronjelwa isiqithi senyukliya sesikhululi samandla esibekwe phambili luya kusebenza ukudambisa impembelelo kwimigxobhozo ebalulekileyo, efana nomgxobhozo we Langefonteinvlei kwisiza se Thyspunt .

I-Dune-geomorphology nokuMpompoza kokuNgcola

- U Lauren Elkington, umfundi wezinga le Masters kwiDyunivesithi yase Rhodes, upapashe ithisisi emalunga nethafa leenduli zesanti ezihambayo e Oyster Bay ngo Juni ka 2012 yaye iziphumo zale thisisi ziye zakanawa ngokuphathelele kwi Nuclear-1. Uhlolo lohamba-hambo lweenduli zesanti nalo lunakane oonobangela bezona ziganeke zezikhukula ngo 2011 nango 2012, lwakhangela kwakhona nokuba ingaba kukho ubungqina kusini na bobango lokuba kukho uqukuqelo lobumdaka kwihafa leenduli zesanti lwaphanda nangefuthe lezikhukula kumlambo i-Sand River nomhlaba okumlomo womlambo iSand River (delta) kwichweba lomlambo i Kromme River. Uphando olongezekileyo luqinisekisa ukuba abukho ubungqina bokumpompoza kokungcola kwisiza okanye ubukho beemeko zokumpompoza kokungcola. Kananjalo luqinisekisa ukuba ayikho ingozi yomonakalo kwi-Nuclear-1 okanye kwiindlela zokungena nengozi encinci yokunyibilika kweentlabathi (okanye imigxobhozo yentlabathi ebizelayo), ngokuxhomekeke ekubeni kusetyenziswa iinkqubo zobunjini ezisesikweni zeendlela nezakhiwo ezihambelana nazo; Uhlolo lomhlaba okumlomo womlambo i-Sand River kwichweba lomlambo i Kromme River nalo lwenziwa yaye kwafunyaniswa ukuba ichweba lomlambo i Kromme lithanda ukuba ligcwale mome yisanti. Isanti ivela kumlambo i Sand River nakumsinga ohamba nesanti ukuya kwichweba ivela elwandle. Umhlaba okumlomo womlambo iSand River awuzanga wakhe walivingca ngci ichweba lomlambo iKromme, yaye akungathanga oko kungenzeka. Kukwafunyenwe ukuba olu qukuqelo lobumdaka kuthwa lukhona kumlambo iSand River zizinto ezishiywe ngugandaganda, ngoko kwakusakhiwa umhlaba ongezantsi ukukhusela idama (“Lionel’s Dam”) kumlambo i Sand River.

Amafa oBuzwe (Heritage)

Imithombo yase Thyspunt

- I-Heritage Impact Assessment (i-HIA) (uHlolo lweMpembelelo yezaMafa oBuzwe) lufumene ukuba isiza sase-Thyspunt sithathwa “njengeMbonakalo-mhlaba yeMveli” njengoko ichazwa yi-United Nations Educational, Scientific and Cultural Organisation (UNESCO) World Heritage Convention. Ngexesha i-EIR eYilwayo eHlaziyiweyo ipapashelwa izimvo zikawonke-wonke ngo 2011, iziza zamafa obuzwe ezigugutha unxweme e Thyspunt zasisele ziwuvavanywe kakuhle umhlaba wazo kodwa kwakusekhona ukungaqiniseki malunga neziza zamafa obuzwe kwindawo esembindini walapho isikhululo samandla sihamba khona kwesi siza, nanjengoko ukushinyana kwezityalo kuthintele ufikelelo kwinkoliso yale ndawo kwesi siza. Nangona ubukho bezinto zenzululwazi ngezakudala bebubonakala noko kwimimandla ekufutshane eselunxwemeni nakumathafa avulekileyo eenduli zesanti, imimandla eshinyene izityalo abangela izikhwewu elwazini. Oku kwasonjululwa ngokongeza isigaba sovavanyo lomhlaba ongamafa obuzwe (ukugronjwa okuvavanywayo, okwenziwa phakathi kwama 30 Oktobha ne 15 Disemba 2011 phantsi kwemvume yokugromba ekhutshwe yi SAHRA. Olu phando lwesibini lubandakanye ukwenza ulingo lokugromba/uxilongo lomphozulu womhlaba kwiindawo ezili 113 kuwo wonke lo mmandla wenyukliya ubekwa phambili apho ukubonakala komphozulu womhlaba kwakunzima. Oku kugubungela konke apho sihamba khona isikhululo samandla esibekwa phambili kunye neendawo ezingathi zisetyenziselwe ukucocelwa ukugcina izixhobo zokusebenza okwethutyana. Injongo yalo msebenzi ibikukukhangela ngaphantsi kwentshela kwiindawo ezinezityalo ezishinyeneyo apho bekungakwazeki ukuthatha isampuli ngaphambili. Kuthe xa kubonakala ukuba kuncinane kakhulu okwenzululwazi ngezakudala kule ndawo yeenduli zesantsi ezinezityalo, i-SAHRA yacela ukuba kuncitshiswe izinga lokuthatha isampuli kube kukugronjwa kanye kwindawo apho imigca yegridi idibana khona eyi 400 m. Oku kulivumele iqela lohlobo lwezamafa obuzwe

ukuba basebenzise obabo ububanzi bokucinga ukuphepha ukuchaphazela intshinyela yemithi yendawo leyo kunye nemimandla yemigxobhozo.

- Oku kugromba kuvavanywayo kufumanise ukuba le ndawo isembindini yesiza sase Thyspunt apho sihamba khona isikhululo samandla enyukliya esibekwe phambili iqulathe iziza ezimbalwa kakhulu ezingamafa obuzwe yaye inkoliso yeziza igugutha unxweme okanye isethafeni leenduli zesantsi ezihambayo, apho kufumaneka amanzi amatsha. Oku kufunyanisiweyo kubonisa ukuba kungenzeka ubukhulu becala ukuba kuphetshwe ukuchaphazeleka kobuqu bamafa obuzwe, ukuba amaziko nezibonelelo ziyabhekiswa elunxwemeni nge 200 m zibe "kummandla ofileyo" ngokwezenzululwazi ngeezakudala kwiinduli zesanti ezinezityalo (kumzantsi weThafa leeNduli zeSanti eziHambayo e Oyster Bay).

Ukulahlwa Kwamanzi APholisayo e Thyspunt

- Ukuqwalasela iindawo ezimbini ezitshintshisanayo zokulahlwa amanzi okupholisa e-Thyspunt: kufuphi nonxweme nakude nonxweme. Uhlolo lugqibe kwelokuba indawo yokulahlwa ekufuphi nonxweme yamkelekile e-Thyspunt ngembono yeziphili zaselwandle (umz. i-chokka squid). Uhlolo olongezelelweyo lwe-chokka squid luqinisekise ukuba iimpembelelo zokulahlwa kwentlenga elwandle, namanzi okupholisa afudumeleyo akunakuba neziphumo ezibalulekileyo kwi-chokka squid okanye ekulobeni iintlanzi.

Nangona kukho olu hlolo nokuba imibhobho ekhupha amanzi ekude nonxweme naleyo ikufuphi nonxweme inefuthe elamkelekileyo ngokwembono yeikholoji (izinto eziphilayo nendawo eziphila kuyo) yaselwandle, yingcebiso ye EAP ukuba iitonele ezikhupha amanzi ezikude nonxweme zigunyaziswe njengenxalenye yesicelo ukuze kunyinwe nangaphezulu ifuthe kwindalo yaselwandle e Thyspunt nase Duynefontein.

Ukulahlwa kwezinto Ezingafunwayo e Thyspunt

- Ukulahlwa izinto ezingafunwayo kumaza amakhulu ngaselunxwemeni e-Thyspunt. Uhlolo lugqibe kwelokuba, kuya kwenzeka iimpembelelo ezincinci ukuba nje ubunzulu bolwandle obukhuthazwayo buyasetyenziswa kwisiza sokulahlwa. Xeshikweni ukwanda kwentlenga e-Seal Point kungachaphazela indlela amaza abetha phantsi ngayo, akukho ukwanda kwentlenga engqindilili okunokwenzeka e-St. Francis Bay, e-Bruce's Beauties nase-Jeffrey's Bay. Imeko yamazisa angaselunxwemeni kwezi ndawo ngako oko ayinakuchaphazeleka.

Ukulahlwa kwaManzi aneTyuwa (Brine)

- Kuyacetyiswa ukuba kusetyenziswe umbhobho ukulahlwa amanzi anetyuwa ngaphaya kwendawo yokudada emazeni ngexesha lolwakhiwo endaweni yokuwalahlwa kwindawo ekudadwa kuyo phezu kwamaza.

Uhlolo lokuchaphazeleka kweZidalwa ezAnyisayo zaselwandle

- Inkcazelo kunye nohlolo lokuchaphazeleka kwezidalwa ezanyisayo zaselwandle iqukiwe kwingxelo ehlaziyiweyo yazo zontathu iziza.

Uhlolo lokuchaphazeleka isiLwanyana saselwandle esineengalo eziliqela sifana nengwane (i-Squid)

- Uvavanyo lwaselwandle lokuhlola uchaphazeleko kwi-squid luphindwe lwahlolwa emva kokukhathazeka kweshishini lokuloba i-squid. Oku kuquke ukuhoywa okuthe vetshe kolwazi olugokelelweyo lokulobela ukuthengisa olubonelelwe liSebe lezoLimo, Amahlathi nezokuLoba (DAFF) yaye intlola yolwazi olukhoyo kunye nokufunyanisiweyo kwintlola yezaselwandle yi Scientific Squid Working Group (SSWG), ebonelela ngengcebiso kwi DAFF malunga nolawulo lokuloba i-squid. I-SSWG ikwaqokelele uhlobo olulolwayo ukuze bavavanye ukunyaniseka kokufunyaniswe kuhlobo lwezaselwandle. Ngokulandela oku, izimvo ze SSWG ziqukiwe kwiSihlomelo 6 sohlolo lwezaselwandle. Okufunyaniswe yi-SSWG kuxhasa ngokubanzi oko kohlobo lwezaselwandle.

Ukubeka Iso kwizilwanyana ezingenaMqolo

- Ukubeka Iso okongezekileyo kwizilwanyana ezingenamqolo kuye kwenziwa kwiziza zonke

Okunokukhethwa kokucocelwa ukugcina izixhobo zokusebenza okwexeshana kwiSiza ngasnye

- I-Eskom iphuhlisele isiza ngasinye iindawo 'eziziimvulophu' zangaphambi kokwenza nto zogcino lwezixhobo zokusebenza okwethutyana zalapho sihamba khona isikhululo samandla. Ezi ndawo zogcino lwezixhobo zokusebenza okwethutyana zibonelelwe kwiqela le EIA yaye ziye zalungiswa emva koko ukuze ziqwalasele eminye imiba nokukhathazayo okuphakanyiswe ziingcaphephe ngexesha lewekhshophu yomanyano lweengcaphephe eyenziwa ngowama 25 Agasti 2008, kwintlanganiso yesibini yomanyano neqedlana leengcaphephe eyabanjwa ngowe 26 Septemba 2008 (zombini ngexesha lesiGaba soPhando nenkqubo ye EIA), kwakunye newekhshophu yomanyano lweengcaphephe eyenziwa ngowama 24 nama 25 Novemba 2009, ngexesha lesiGaba se EIA. Indawo ebekwe phambili yokubekwa kwesikhululo samandla nayo ichtatshazelwa ziimephu zobuzaza (bona ekupheleni kweSahluko 9) ezaphuhlisa kukho igalelo lengcaphephe.

Ezona nguqu ezazenziwe kwiindawo zogcino lwezixhobo kukushenxiswa kwesikhululo samandla esibekwe phambili ukusuka kwi 100 m ukusuka elwandle ukuya kuma 200 m ubuncinane ukusuka kuphawu oluphakamileyo lwamanzi. Oku kushenxiswa kwakusenzelwa ukuvumela ugcino lwemimandla yeikholoji imi kakuhle, ngexesha kunyina ukuchatshazelwa kweenduli zesanti ezimosheka lula neempawu zezamafa ezobuzwe, kwiziza zonke. Ingxaki evela kuphawu oluphakamileyo lwamanzi iya kunceda nokuthintela uchaphazeleko lwesikhululo ngenxa yokunyuka kwezinga lwamanzi olwandle okwayamene nenguqu yemozulu. Ezi ndawo zibekwe phambili zogcino lwezixhobo zokusebenza okwexeshana zicingela nokufumanisa iindawo ezimosheka lula zokusingqongileyo zeziza yaye zibeka izikhululo zamandla kwezona ndawo zingamosheki lula zokusingqongileyo zezi ziza⁴. Iingcaphephe zihlola indawo yonke esingaba kuyo (ummandla we EIA) yaye zibonelela ngeengcebiso kumanyathelo okunciphisa, imimandla emosheka lula kakhulu neendawo ekungangenwa kuzo konke konke.

Umzobo 3-16 ukuya kuMzobo 3-21 kwiSahluko 3 seyona Ngxelo inguNdoqo ubonelela ngendlela eya kuba yiyo le ndawo yogcino lwezixhobo zokusebenza okwethutyana yezikhululo zamandla enyukliya njengeziza ezizezinye ezinokusetyenziswa. Ezi ndawo zibonisa umzobo "oyimvulophu" kumthengisi ongekakhethwa okwangoku.

Kubalulekile ukuqaphela ukuba kukho ubunzima ngokuphathelele neeNdawo zocebo lweMo yoNxunguphalo (EPZs) obugqibayo ukuba indawo isikhululo esikuyo ingashenxiswa kangakanani na ezizeni ngokwayamene nokungqongileyo. Xa kujongwe ezinye iziza ezinokusetyenziswa, kuya kuba khona i-PAZ (khangela kwisigaba 3 ukufumana ingcaciso ye EPZ) nommandla ongama 800 m ubuncinane (kwabizwa njenge EZ) ukusuka kwisikhululo samandla. Ngoko isikhululo samandla asinako ukusondezwa ngaphezu kwama 800 m koyena mgako ukufutshane, nanjengoko kungavunyelwa lufikelelo lungenanyino kuwonke-wonke kwi-

⁴ It must be noted that the final position of the nuclear power station will be determined following the appointment of the final vendor and the detailed investigations on the inter-site geological conditions. The positions proposed by the specialists and EAP are to be used as a guideline. Should the position have to be shifted significantly outside that proposed in this EIR, a supplementary environmental assessments may need to be undertaken by Eskom.

PAZ. Nangona kuphuhlise indawo wnye yogcino lwezixhobo kwisiza sase Thyspunt, ezimbini zaziphuhliselwe i Duynefontein njengoko kucacisiwe kwisigaba esingezantsi.

I-Duynefontein

U Eskom yayisele iziphuhlisele iindawo ezimbini ezizezinye zogcino lwezixhobo zesiza sase Duynefontein. Enye indawo ibihamba ngobude igugutha unxweme, ize eyesibini (Umzobo 3-18 noMzobo 3-19) ibe ncinane noko ngokuba nezibonelelo zayo ezifana neeyadi zabakhi nemimandla yokugcinwa kwempahla ekrwada ezingaphakathi kwesiqithi seNyukliya. Indawo yesibini yogcino lwezixhobo zokusebenza yaziswe ukuphendula uchaphazelo obelungakwizinga eliphankamileyo lweenkqubo zezezityalo kwiinduli zesanti ezishukumayo zommandla wase Atlantis wethafa lenduli yesanti⁵ ngokoHlolo lwango 2011 lweIkholoji yezeZityalo kwiinduli zesanti. Isixokelelwano seenduli zesanti ezingamlezayo e Duynefontein sixhaphakile, esi sixokelelwano singaveli kakhulu kuNxweme lweNtshona Kapa. Kodwa ke, ngokusekelwe kolunye uphando nomnye umsebenzi kwezi ndawo owenziwe kwisiza sase Duynefontein (Ingxelo yeeNduli zeSanti zezeziTyalo yango 2015 – Isihlomelo E11), kucetyiswe imeko yokulinganisa ngokutsha, ngenxa yokuzinziswa kweenduli zesanti ezihambayo ezikufutshane ne KNPS ekhoyo.

Izinto ezimbini ezibalulekileyo kolu linganiso ngokutsha: (i) ilahleko enkulu yokuhamba kweenduli zesanti ngenxa yophuhliso emazantsi, kudityaniswa nokunyuka komaleko wemifuno kuthethe ukuba induli yesanti ayisenako ukusebenza kwisimo sayo samandulo yaye (ii) uphuhliso luya kuba kwiindawo ezinezityalo kuphela kwisixokelelwano seenduli zesanti, kuvunyelwa isixokelelwano esincinane esihambayo esishiyekileyo ngasemantla ukuba sisebenze ixesha elide, nangona sinyiniwe.

Ngoko ke, kungenzeka ukuba kungenelwe nakwindawo esemazantsi esixokelelwano seenduli zesanti (kufutshane nesiza se Nuclear-1), kukho izibonelelo ezithile. Kodwa ke, ukusebenzisa umhlaba kangangoko kwanokuhambisana nendlela ye EIR ukuzikhupha kwindawo yeenduli zesanti ezihambayo kangangoko, le ndawo yokuqala yogcino lwezixhobo ayisayi kuhlolwa okanye icingelwe le RDEIR Inguqulelo 2. Ngoko ke, indawo enye kuphela ebekwe phambili yesiza sase Duynefontein, yeyona incinane njengoko kuboniswe kuMzobo 3-18 nakuMzobo 3-19 nakwiSihlomelo A).

Izithuthi

- Isiza sase Thyspunt sifuna uhlaziyo lwendlela yokuhamba kwezithuthi ngokuphathelele kwiindlela zikawonke-wonke, ufikelelo nokukhutshwa kwizakhiwo ngexesha likaxakeka ngesigaba solwakhiwo. Iindlela ezicetyiswayo kwisilungiso 9 seNgxelo yeziThuthi zahlaziywa emva kokubonelelwa kwe EIR eyilwayo eHlaziyiweyo ukuba kufunyanwe uluvo lukawonke-wonke ngoMeyi 2011. Ngokusekelwe kolu hlaziyo, i R330 kubekwa phambili ukuba ngoku isetyenziselwe kuphela izithuthi ezihambisa abantu kunye nezithuthi ezinomthwalo ongaqhelekanga, yaye izigaba ezithile ziya kufuna ukulungiswa kusenzelwa le njongo. Umgqo i-Oyster Bay Road ngoku kubekwa phambili ukuba ulungiswe ube yindlela egudileyo

⁵ It must be noted that from a geomorphological point of view, this habitat is not regarded as sensitive by the Nuclear-1 dune geomorphology specialist.

esetyenziswa ngexesha lezigaba zolwakhiwo nokusebenza ukuze abasebenzi babe nofikelelo nezithuthi ezinkulu nendlela yokuphuma xa kukho imo yonxunguphalo yemimandla efana ne Oyster Bay. I-DR1762, edibanisa i-R330 nomgaqo i-Oyster Bay Road ibekwa phambili ngoku ukuba ilungiswe igude ukubonelela ngoqhagamshelwano oluphucukileyo phakathi kwempuma nentshona. Iindlela ezihamba kude nezakhiwo ukuya empuma nasentshona ye Humansdorp nazo ngoku zibekwa phambili ukuba zakhiwe ukunciphisa ukuchaphazeleka kwezithuthi kumbindi we Humansdorp. Ngenxa yoku, izithuthi ezinzima zokwakha ezifikelela kwisiza sase Thyspunt azisayi kufuneka zihambe phakathi kumbindi we Humansdorp

Imigaqo efikelela kuMntshona weThyspunt

- Kukhe kwajongwa iindlela ezine zoFikelelo eNtshona ekuqaleni ezingoo W1, W2, W3 no W4. U W1 ukuya ku W3 zonke zivela kumntshona wo Umzamuwethu (phakathi ko Umzamuwethu ne Oyster Bay), ngexesha i-W4 ivela kwindlela i Humansdorp-Oyster Bay road ukuya empuma yo Umzamuwethu. I-W4 yayikhatyiwe ekuqaleni ziingcaphephe zokusebenza komzimba (biophysical specialists) ngokuba kungenzeka ichaphazele ummandla osentshona wethafa leenduli zeSanti eziHambayo e Oyster Bay kunye nezixokelelwano ezisebenzisanayo ezimosheka lula, ukunqumla kwayo umgca wokomisa nobude bawo. Nge W1, W2 ne W3, i-W1 ithandiwe luninzi lweengcaphephe.

Ukuqonda okukhathaza i-I&AP malunga nendlela yasentshona efikelelayo kwafunyanwa ngexesha lezimvo zikawonke-wonke zango 2011 malunga ne EIR eYilwayo eHlaziyiweyo (ushicilelo 1), kukhangelwe uhambelwano olutsha lweNdelela yoFikelelo eNtshona. Ezi zizezinye ziggalise ekuhambelaniseni iNdelela yoFikelelo eNtshona nempuma yo Umzamuwethu ukuthintela ukuba indlela ingadali iyantlukwano phakathi ko Umzamuwethu ne Oyster Bay. Olunye uhambelwano olulolunye nale ndlela luya lwakhangelwa pha ukuya ekupheleni kuka 2012 yaye okunokukhethwa okungaphakathi okukokona kude eOyster Bay (IR2) luye lwacetyiswa emva koku. Olu hambelwano lunefuthe elithile kwezokusebenza komzimba kodwa alubalulekanga kangako ukuba lungabangela izinto ezibulalayo.

Ukukhutshwa kwe Bantamsklip njengesiza esiNgathi sisebenziseke

- Ngokugqityezelwa nokuvunyelwa okulandeleyo kwengxelo yoKhangelo ngo 2008, injongo ibikughuba uhlolo oluthe vetshe lweziza ezithathu ezingathi zikhethwe ze Nuclear 1 ezibizwa ngokuba yi Duynefontein, Bantamsklip ne Thyspunt. Zonke ezi ziza zintathu ziphandwe ngokulinganayo njengenxalenye yesigaba sokuhlola se EIA. Kolo phando, kuye kwacaca ukuba ngexesha i-Bantamsklip ihleli iliziko elinako ukuba nesikhululi samandla enyukliya, ayithandeki njengezinye kwezi ziza ze Nuclear 1. Njengoko uhlolo oluthe vetshe lwe Bantamsklip sele luchaziwe lwabelwa kwiindawo zikawonke-wonke njengenxalenye yolunye uyilo lweNgxelo yeeMpembelelo kokusingqongileyo, senziwe isigqibo sokuba i-Bantamsklip ikhutshelwe ngaphandle ingaphinde ithathelwe ntweni kule EIR xa kujongwe ubufutshane.

Ezona zizathu zintathu zokukhuphela i-Bantamsklip ngaphandle ngeli xesha zayamene nomgqipheko wezithuthi, ukucetywa kweedolophu nezinga lentlola elifumanekayo kwiqela le Nuclear-1 EIA kwimigca yothumelo eya kufuneka ikhuphe amandla ukusuka kwisikhululo samandla esisebenzayo. Ngokuphathelwe kwezothutho, indlela ephakathi kwezibuko laseKapa ne Bantamsklip inde yaye intsonkothile noko ngokwenkcazo-mphandle, kukho nemfuneko yokuhamba ngenyiba eyi Sir Lowry's eyingxaki, xa kuthelekiswa neendlela zokufikelela kwezinye iziza ezi zimbini. Le ndlela ngoko inobunzima obukhulu ngobugcisa kwizithuthi ezinemithwalo enzima yaye ngoko inobungozi bokhuseleko obukhulu obayanyaniswa nayo (kwabanye abasebenzisi beendlela nakubasebenzi bezithuthi) kunezinye iindlela. Kukwakhona iqela leebhrorho ezizithintelo kunye namathambeka anyusa umnqantsa kule ndlela, angekhoyo kwiindlela eziya kusetyenziselwa ezi ziza zimbini zizezinye.

Isizathu sesibini sisekelwe kwindlela yokujonga ukucetyelwa kokusetyenziswa komhlaba kwanokhuselo nokusetyenziswa kokusingqongileyo (urban planning). Zontathu ezi ziza zijongiwe zaphandwa ngabaCebi bendlela yokusetyenziswa koMhlaba eDolophini (Urban Town Planners) (Isihlomelo E34). Ezi ziza ziye zanikwa amangaku ngokweemfuno zophuhliso zeSikhululo saMandla eNyukliya, apho isiza sase-Bantamsklip safumana awona manqaku asezantsi. Amanqaku achatshazelwa ngabasebenzi abambalwa abahlala kufutshane nesiza eso ingxaki efunyenweyo kwisiza sase Bantamsklip xa kuthelekiswa ne Duynfontein okanye i-Thyspunt. Oku kubonisa ukuba esi siza aisesona silungele i Nuclear-1 xa kujongwa imiba yokusetyenziswa komhlaba nokhuselo lokusingqongileyo.

Isizathu sesithathu kukuba kukho uxanduva ngqo (njengoko kuyimfuneko ngokwemiqathango ye EIA) ukuba kuvavanywe konke okuchaphazelekayo okungayanyaniswa hayi nesikhululo samandla enyukliya kuphela kodwa nezibonelelo ezayamene noko nazo. Izibonelelo ezayamene noku ezinkulu ngaphandle kwamathandabuzo ziingcingo zothumelo eziya kufuneka ukubonelela ngombane ngesigaba solwakhiwo, kodwa nokuwukhupha umbane kwisikhululo samandla esisebenzayo ukuwugqithisa. Kuzo zombini i-Duynfontein ne Thyspunt, uvavanyo oluthe vetshe lweengcingo zombane luyafumaneka kwiqela le EIA kodwa eze Bantamsklip azikafumaneki. Uvavanyo oluthe vetshe lokusingqongileyo olwenziwe e Thyspunt nase Duynfontein luthathelwe ingqalelo kunye novavanyo lwefuthe lwezi ziza, kunika isiphumo sovavanyo lwefuthe elidityanisiweyo njengoko kuboniswa kwiSahluko 10. Ngenxa yokuba ulwazi olufana nolu lungexho eBantamsklip, iqela le EIA alinako ukuvavanya ngokwaneleyo ifuthe elidityanisiweyo lesiza sase Bantamsklip. Ngoko ke, akukwazeki okwangoku nje ukubonelela ngohlolo oluthelekiseka ngokugqibeleleyo phakathi kwezi ziza zintathu.

Iqela le EIA liqinisekile ukuba ukukhuphela ngaphandle i-Bantamsklip kule EIR akujongeli phantsi uxanduva lokuphanda ngokucokisekileyo ezinye iindawo okanye lokufumana isiza singafanelekanga ukusetyenziselwa inyukliya kwixesha elizayo. Ukuqukwa kwesiza se Bantamsklip kuya kongeza ezinye iingxaki ezinkulu kwi-EIR esele inobayo ubunzima kungakhange kuphuculwe ukuthatha izigqibo nangeyiphi na indlela ebonakalayo. Isiza sase Bantamsklip siya kuthi ngoko ke singaphinde sithathelwe ingqalelo kule EIR. Abafundi abanomdla kuvavanyo lwangaphambili lwesiza sase Bantamsklip bangalufumana ulwazi ku <http://projects.gibb.co.za/Projects/Eskom-Nuclear-1-Revised-Draft-EIR>.

Nangona sibekile ngasentla, abafundi kufanele balumkise ukuba oku akuthethi ukuba isiza sase Bantamsklip asinakuze siphinde sijongelwe iSikhululo saMandla eNyukliya kwixesha elizayo. Esi siza asinaziphene zanaphakade ngohlolo olwenziwe ngaphambili; kodwa ke, kwezi ngxaki zikhankanywe ngasentla, i-Bantamsklip ayisayi kulungela ukuhlangabezana namaxesha abekiweyo okwakha alindelweyo kwi Nuclear-1, yaye ngoko ke ayisayi kuphinda ithathelwe ingqalelo kule EIA.

Ukucetywa kokusetyenziswa komhlaba edolophini (Town planning) (uphando olutsha olungakhange luqukwe kwiinguqulelo zangaphambili ze EIR)

- Kuye kwenziwa uphando lokucetywa kwendlela yokusebenzisa umhlaba ukuvavanya indlela isikhululo samandla esibekwe phambili esingathi sichaphazele ngayo ukusetyenziswa komhlaba ongqongileyo. Iziza ezibekwe phambili zivavanywe ngokwesakhiwo esingqongileyo (matrix) sophuhliso esihlole okungqongileyo kwamaziko, kwezoqoqosho, kwezentlalo nezobume bendawo.

Uhlobo lwemitha ye-Radiology (uphando olutsha olungakhange luqukwe kwiinguqulelo zangaphambili ze EIR)

- Kuye kwenziwa uphando lwentlola yemitha ye radiology ukuvavanya indlela ukukhutshwa kwemitha kwisikhululo samandla esibekwe phambili okungathi uchaphazele ngayo imimandla esecaleni kwaso. Uphando lujonge imitha ekhoyo kokusingqongileyo evela kwiziza, ukuchaphazeleka okungakhona ebantwini nakwizinto ezingengobantu xa kusetyenzwa ngesiqhelo.

Ingxelo yeNgozi eNgaphaya koYilo lweNdawo (uphando olutsha olungakhange luqukwe kwiinguqulelo zangaphambili ze EIR)

- Olu phando lukhangela okona kubi kunokwenzeka, ukuba kungakho ingozi yenyukliya. Kuthathelwa ingqalelo iingozi ezifana ne Three Mile Island, i-Chernobyl ne Fukushima.

Intlola yoPhando lweNgcaphephe ngabanye abenza umsebenzi ofanayo

- Intlola yophando lweengcaphephe ngabanye abenza umsebenzi ofanayo yenziwe. Le ntlola ifumanise ukuba lonke uphando olwenziweyo lwanele yaye akukho ziphene zibulalayo zithe zachongwa. Ezinye iinkcukacha zibonelelwe kwiSahluko 8 sale ngxelo.

UHLOLO LWEZINYE IINDLELA ZEPROJEKTHI

Ukuqwalaselwa kweeprojekthi ezizezinye ziyona mfuneko iphambili ye-EIA, njengoko zinikezela ngesiseko sokukhethwa kwabalawuli belo candelo nee-I&AP. Iiprojekthi ezizezinye eziqwalaselwayo kufuneka zibe zezizizo yaye zibe nokwenzeka. Ezi projekthi zizezinye eziqwalaselwa ngethuba le-EIA ziquka ezi zilandelayo:

- Indawo yesikhululo samandla ombane;
- Iindidi zokuveliswa kombane;
- Iindidi zemizimveliso yenyukliya;
- Iindlela zothutho;
- Indawo zesikhululo samandla enyukliya kwiziza
- Isiseko somzimveliso wenyukliya;
- Ukuhanjiswa kwamanzi afreshi nokusetyenziswa kwamanzi atsalwe emhlabeni;
- Ukulawulwa kwamanzi anetyuwa;
- Ukungeniswa kwamanzi aselwandle;
- Ukukhutshwa kwamanzi kunye nokungcola kweekhemikhali;
- Ukulawulwa kwezinto ezonakeleyo;
- Ukufikelela kwiisayithi;
- Ukuhanjiswa kwenkunkuma kunye;
- Nezinye iindawo ezingenaluphuhliso (o.k.u. 'Akuhanjwa').

Uhlobo lwezinye iiprojekthi lusekelezwe kwintlanganisela yeendidi zohlolo ezishicilelwe ziingcali, iziphumo zeqweba zohlanganyelo lweengcali ebelibanjwe ngoNovemba ka-2009, kunye nohlanganyelo luka GIBB nohlolo lweziphumo zophando, kuquka neengxelo zengcali zezihlaziyo ukususela ngo 2010 ukuza kuthi ga ngoku.

UHLOLO OLUTHELEKISA EZINYE IZIZA EZINGATHI ZISETYENZISWE

	Thyspunt	Duynefontein
Ukukhutshelwa ngokubonakalayo	Qinisekileyo	Qinisekileyo
linguqu kuqukuqelo lwaphantsi komhlaba	Kungangenzeki kodwa likhona ithuba lokuba kungenzeka	Kungangenzeki kodwa likhona ithuba lokuba kungenzeka
Singenzeka isiphumo	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu
Umngcipheko oshiyekileyo	Usezantsi	Usezantsi

Ilahleko yeMigxobhozo nokusebenza kweMigxobhozo

Indleko engathi ibe khona kokusiNgqongileyo	Ukwehla kokusebenza kwemigxobhozo	
Umngcipheko ongaphakathi	Phakathi	
Oonobangela boMngcipheko	Ukuba aba nobangela bangenzeka	
	Thyspunt	Duynefontein
Ukutshatyalaliswa kwemigxobhozo buqu	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu

Ukuncipha kwesibonelelo samanzi	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu
Ukungena kwamanzi anobulunga obungafanelekanga	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu
Ukubekwa kwenkukuma evela emva kokugronjwa	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu
Singenzeka isiphumo	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu
Umngcipheko oshiyekileyo	Usezantsi	Usezantsi

Ukuncipha koBulunga bokuNgqongileyo eLwandle

Indleko engathi ibe khona kokusiNgqongileyo	Ukuncipha koBulunga bokuNgqongileyo eLwandle	
Umngcipheko ongaphakathi	Phakathi	
Oonobangela boMngcipheko	Ukuba aba nobangela bangenzeka	
	Thyspunt	Duynefontein
Ukulahlwa kwamanzi anetyuwa namanzi ashushu	Qinisekileyo	Qinisekileyo
Amanzi abalekayo angcolisekileyo	Kungangenzeki kodwa likhona ithuba lokuba kungenzeka	Kungangenzeki kodwa likhona ithuba lokuba kungenzeka
Ukulahlwa kwenkukuma evela emva kokugronjwa	Qinisekileyo	Qinisekileyo
Singenzeka isiphumo	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu
Umngcipheko oshiyekileyo	Usezantsi	Usezantsi

Ukuncipha kwaManani oHlobo oluthile lweZilwanyana olusesiChengeni

Indleko engathi ibe khona kokusiNgqongileyo	Ukuncipha kwaManani oHlobo oluthile lweZilwanyana olusesiChengeni
--	---

Umngcipheko ongaphakathi	Phakathi-uphakamile	
Oonobangela boMngcipheko	Ukuba aba nobangela bangenzeka	
	Thyspunt	Duynefontein
Ilahleko nokwahlulwa-hlulwa kwendawo yokuhlala	Qinisekile	Qinisekile
Ukufa endleleni	Kungenzeka	Kungenzeka
Ukufa okwayanyaniswa neengcingo zothumelo lombane	Kungenzeka	Kungenzeka
Ukuphazanyiswa kwamanani azalayo	Kungangenzeki kodwa likhona ithuba lokuba kungenzeka	Kungenzeka
Ukungcoliseka kwemigxobhozo	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu
Ukwehla kobulunga bamanzi aselwandle	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu
Singenzeka isiphumo	Kungangenzeki kodwa likhona ithuba lokuba kungenzeka	Kungangenzeki kodwa likhona ithuba lokuba kungenzeka
Umngcipheko oshiyekileyo	Uphakathi	Uphakathi

linguqu kwimPiliso

Indleko engathi ibe khona kokusiNgqongileyo	Ukwehla kwimPiliso	
Umngcipheko ongaphakathi	Phakathi	
Oonobangela boMngcipheko	Ukuba aba nobangela bangenzeka	
	Thyspunt	Duynefontein
Inguqu kumaza	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu	NA
Ukungcoliseka yimitha yeradiology kweemveliso zezolimo	Kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu	Qinisekile
Inguqu yoluvo lwendawo	Qinisekile	Kungangenzeki kodwa likhona ithuba

		lokuba kungenzeka
Ukuncipha kwenani elilotywayo le chokka squid	Kungangenzeki kodwa likhona ithuba lokuba kungenzeka	NA
Singenzeka isiphumo	Kungathi kwenzeke ngokuphakame kakhulu	Kungangenzeki kodwa likhona ithuba lokuba kungenzeka
Umngcipheko oshiyekileyo	Uphakathi	Uphakathi

Ubutyebi Bamafa Ubuntu

Indleko engathi ibe khona kokusiNgqongileyo	Ilahleko yobutyebi Bamafa Ubuntu	
Oonobangela boMngcipheko	Phakathi	
Oonobangela boMngcipheko	Ukuba aba nobangela bangenzeka	
	Thyspunt	Duynefontein
Ukutshatyalaliswa kwezinto ezenziwe ngabantu ezingamafa obuntu	Kungangenzeki kodwa likhona ithuba lokuba kungenzeka	Kungangenzeki kodwa likhona ithuba lokuba kungenzeka
Inguqu kwimbonakalo-mhlaba yempucuko yesizwe	Qinisekile	Kungangenzeki kodwa likhona ithuba lokuba kungenzeka
Singenzeka isiphumo	Qinisekile	Kungangenzeki kodwa likhona ithuba lokuba kungenzeka
Umngcipheko oshiyekileyo	Uphakathi	Uphakathi

Inkathazo

Indleko engathi ibe khona kokusiNgqongileyo	Inkathazo	
Umngcipheko ongaphakathi	Phakathi - Usezantsi	
	Thyspunt	Duynefontein

Ingxolo	Qinisekile	Qinisekile
Ukubona	Qinisekile	Qinisekile
Amatyotyombe	Kungenzeka	Kungenzeka
Ukuxinana kweemoto ezininzi endleleni	Kungenzeka	Kungenzeka
Singenzeka isiphumo	Qinisekile	Kungangenzeki kodwa likhona ithuba lokuba kungenzeka
Umngcipheko oshiyekileyo	Uphakathi	Usezantsi

IZIGQIBO NEENKUTHAZO

Indawo yesikhululo samandla

Ukusekwa kwe NPS e Duynefontein kuya kwenzeka ikhona ekhoyo i-NPS, iingcingo ezinkulu zothumelo lombane, kunye nendawo engqongileyo eyidolophu kunaleyo yase Thyspunt. Ngolu hlobo, iinguqu nendlela ezibonwa ngayo ziya kuba nkulu kakhulu e Thyspunt kunase Duynefontein. I-NPS ebekwe ngaphambili nezibonelelo ezayanyaniswa nayo iya kuzisa inguqu ebonakalayo kuluvo lwendawo e Thyspunt kanti le nguqu sele yenziwe e Duynefontein ngoko ukuba i-NPS ingasekwa e Duynefontein, inguqu iya kuvakala ngathi yinguqu enkulu kunendlela eyiyo. Abathathi zigqibo bafanele ukubuqonda ubungakanani bengquq yaye babe novelwano ngayo e Thyspunt indawo ethathwa njengenefuthe elikhulu elihlalayo (njengonobangela) nekungakwazekiyo ngokubanzi ukuyidambisa. Kukuphambili kwexesha kuphela okuya kudambisa kancinci kancinci iinguqu ezinkulu eziya kuvakala kubantu base Thyspunt yaye kwabanye abahlali le yinguqu abangasayi kuze bayiqhele. Abaninzi kwaba bahlali bahlala konna ngenxa kanye yoluvo abanalo lwale ndawo nokuziva ukwindawo eyodwa nepholileyo.

Ubungakanani bale projekthi neendawo ezayanyaniswa nayo eya kuthi inyathele khona ezingaphaya kwesiza esibekwe phambili ezifana neendlela, ezinye izibonelelo neengcingo zothumelo lombane kuthetha inguqu ethe vetshe engathi ibe khona kumhlaba nakwindawo yokuhlala. Indawo ngqo enyathnela kuyo le NPS ibekwe phambili ngama 265 ha e Duynefontein nto leyo eya kuthetha ilahleko nbqo yomhlaba olondolozweyo ngoku nje. Indawo elondolozweyo ibekwe kanye kwisiseko se Koeberg NPS yaye kusetyenziswa umhlaba we Eskom yaye awuphuhlisiwanga ngezizathu zokhuseleko, kodwa oku akutshintshi ukuba ummandla wolondolozo uya kulahleka ukuba i-NPS yakhiwa e Duynefontein. Ilahleko yalo mmandla wolondolozo kuyinto ebambekayo yaye kuya kufuneka kwakhiwe into elinganayo ukuqinisekisa ukuba akukho lahleko yexabiso lezinto eziphilayo nendawo eziphila kuyo (ikholoji) ukuba i-NPS isekwa e Duynefontein.

Isiza sase Thyspunt sinobomi obahluka hlukileyo kuso yaye kukho iintlobo ezininzi ezithile zezilwanyana ezisesichengeni e Thyspunt yaye umgxobhozo wase Langefonteinvlei ubaluleke ngendlela ekhethekileyo. Ngoko, isiza esibekwa phambili se NPS e Thyspunt sibuthathaka ngaphezu kweso sase Duynefontein yaye abathathi bezigqibo bayakhuthazwa ukuba babubone obu buntununtunu xa bedibanise iintloko zabo. Okukwabalulekileyo kwezi ntetho zabo, kukuba inxeny

entle yesizathu sokuba buthathaka ibe lukhuselo lokusingqongileyo kwendalo ngokuba kungaphuhliswa.

Kunzima ukucingela ukuba ingaba esi siza besiya kuphuhliswa ngolunye uhlobo kusini na ukuba besingabekelwanga i-NPS kodwa akukho mathandabuzo ukuba ixabiso le-ikholoji yesi siza ngoku nje lingenxa yokuba uphuhliso luthintelwe. Uhlolo lungomnye umngcipheko ophakathi oshiyekileyo wamanani ancitshisiweyo eentlobo ezisesichengeni ngenxa yokungeniswa kwezibonelelo zezakhiwo ezibeka ubomi bezi ntlobo zezilwanyana emngciphekweni ngakumbi iindlela neengcingo zothumelo lombane. Ukubekwa esichengeni kobomi bezi ntlobo zezilwanyana ngenxa yezi zibonelo kungenzeka kunye nezinciphiso eziya kwenziwa, kuya kunyina ubungakanani bokufa ukuze kungabikho ukuncitshiswa kwamanani ezi ntlobo zezilwanyana.

Ubukho bemigxobhozo kuzo zombini ezi ziza, nomgxobhozo ontununtunu nangakumbi e Thyspunt, bubeka ubungozi bokuncitshiswa kokusebenza kwale migxobhozo ngokuvelisa intlenga okanye ukungcoliseka kwamanzi emvuma nge hydrocarbon okanye ngekhemikhali. Uyilo olucetyiweyo lwezi ziza kuqukwa nentelekelelo yokubeka izinto eziqokelelweyo, uthintelo lokuchitheka kwe hydrocarbon neekhemikhali nolinganiso, nokuba akukho migca yoqukuqelo eya ngqo emigxobhozweni oko kuthethe ukuba ilahleko yemigxobhozo okanye ukwehla kwezinga lokusebenza kwemigxobhozo akunakufane kwenzeke. Ngaxesha-nye, imimandla emikhulu edambisayo efunekayo kwi NPS nayo ibonelela ngethuba lokuqhubeka ukukhusela lo mmandla ubalulekileyo we-ikholoji. Uyilo olucetywayo lwesikhululo samandla lutshintshiwe ukuqinisekisa ukuba iindawo ezibalulekileyo esizeni ezifana nesxokelelwano seenduli zesanti nomgxobhozo we Langefontein vlezi ziphetshwe.

I-NPS ebekwe ngaphambili ingaphuhliswa ngaphandle kokwehliswa kwexabiso le-ikholoji lesiza yaye kufanele kuthathelwe ingqalelo ukhuselo oluqhubekayo lwalo mhlaba ngokuthintela olunye uphuhliso kwinkqubo yokuthatha izigqibo. Kufanele kuqondwe nokuba okona kuphazamiseka kubalulekileyo kuya kuba ngaxesha lokwakha kuze emva koko ixesha lokusebenza liya kuchaphazela okungqongileyo kwendalo kwizinga eliphantsi noko. Ukuba i-NPS iyathintelwa ukuba isekwe e Thyspunt, kubonakala kungathi akunakungenzeki ukuba lo mhlaba uphuhliswe kodwa akulunganga ukuzama ukuthi ngaphandle kwe NPS, ixabiso le-ikholoji lalo mmandla alisayi kuya phi. Konke okuthethwayo apha kukuba ixabiso le-ikholoji alisayi kulahleka ukuba i-NPS iphuhliswa e Thyspunt, nto leyo ingathi inganyanisi ukuba umhlaba ungangasetyenziselwa i-NPS.

lingcingo zokuhambisa umbane ezifunekayo ukuwukhupha umbane zibeka okungqongileyo esichengeni kuqukwa ukutshintsha komhlaba ngqo, impembelelo yokubonayo, kunye nokufa kweentaka ngokungqubana nazo okanye ukutshokwa zezi ntambo. Jikelele, ubungozi bokungqubana neengcingo buthanda ukuba ngaphezulu kokutshokeka kwiingcingo zombane ngenxa yomgama phakathi kwezimizeleli ngombane, kunaxa kujongwe iingcingo zosasazo. Iingcingo zothumelo lombane nazo ziya kuyitshintsha imvakalo yendawo kodwa zingaphuhliswa ngendlela eya kuthi ithintele ukutshintsha kweendawo zokuhlala ezibalulekileyo, inciphise impembelelo kwiindawo zokuhlala ezingabalulekanga, nangokusebenzisa iindidi ezohlukileyo zokudambisa ukuze kuncitshiswe izinga lokufa kweentaka. Nangona kunjalo, iingcinga zothumelo lombane azinampembelelo imbi kokungqongileyo yaye oku kufanele kukhunjulwe kwinkqubo yokuthatha izigqibo, yaye akukho sikhululo samandla naphina emhlabeni sikhe sakhiwa kungekho ziingcingo zothumelo zininzi ukuze zikhuphe umbane. Xa kudityaniswa konke, ukuvelisa umbane nokuwuhambisa yinto enkulu kakhulu.

Ngokufanayo nokuba i-NPS ebekwe phambili iza kubangela inguqu enkulu kwimvakalo yendawo e Thyspunt kakhulu kunase Duynefontein, kuya kuba khona neenzuzo ezingaphezulu e Thyspunt. Iprojekthi yokwakha iya kubangela inkcitho ebonakalayo namathuba engqesho nokuvuswa kwezoqoqosho lwendawo leyo. Isiphumo soku siya kuba sikhulu e Thyspunt kunase Duynefontein kuba le projekthi ye NPS ebekwe phambili iya kuzisa amathuba ophuhliso lwezoqoqosho olungazange lwakhe lwakhona ngaphambili kanti ke awunako ukuthetha loo nto nge Duynefontein. Abantu abaninzi bangathi abalufuni olu phuhliso lwezoqoqosho kulo mmandla nokuba kuya kudunga le ndawo kodwa eneneni abanye abaninzi kunaba kulo mmandla baphila impilo yobuhlwempu okanye ubuncinane bafumana amazinga aphantsi engeniso kungekho amanye amathuba okutshintsha imeko yabo. I- NPS NPS ebekwe phambili iya kuzisa hayi iinzuzo zoqoqosho ngqo kuphela kodwa nezinye iinzuzo ezinkulu ezivela koku. Kunganzima ukubona ukuba le projekthi ibekwe phambili ayisayi kubangela impucuko jikelele kwimpilo yabantu kuninzi lwabantu abachaphazelekayo abamalunga bonke kwizinga elisezantsi. Kwakhona, esis iphumo siya kucaca kakhulu e Thyspunt kunase Duynefontein kuba ezoqoqosho ziphuhle ngcono kummandla wase Duynefontein.

Uhlobo oluchaphazela ngayo uveliso lombane lolo apho uchaphazeleko luviwa apho kuveliswa khona nakwiingcingo zothumelo nangona ezona nzuzo zivela ekupheleni kweengcingo. Oku kukhuphela ngaphandle iinzuzo zezoqoqosho lwendawo oluya kufumana nto kwiintshukumo zokwakha kwanakancinane noko iinzuzo ezayanyaniswa nokusebenza kwesikhululi samandla ngohlobo lweenkcitho kuthengwa izinto ezenziwa apha kule ndawo neenkonzo zalapho nefuthe labasebenzi abarholayo abahlala nabafuna izinto neenkonzo zabo kule ndawo. Ngoko ke, kufanele kuqatshelwe ixabiso lezoqoqosho lombane oveliswayo libalulekile kodwa asilo xabiso liya kukhula kwizinga lendawo leyo (o.k.k.t. kummandla okufutshane nesikhululo samandla) kodwa kwilizwe liphela ngokusetyenziswa ngamashishi nabanye abathengayo. Ixabiso lombane nalo libalulekile nakubantu abawusebenzisa ezindlini zabo.

Ezinye iziphumo ezidityanisiweyo zingavela kwizinto ezikhutshwa kokusingqongileyo, ingcolo, ukukhutshwa kwamanzi amdaka nokusetyenziswa kwezibonelelo. Kuzo zombini i-Duynefontein ne Thyspunt umoya okhoyo ngasemva usoloko umhle jikelele ka kungekho ezinye izinto ezinkulu yaye ifuthe lale NPS ibekwa phambili akusayi kuyitshintsha ngokubambekayo le meko. Ngokuqinisekileyo uthuli oluvela koomatshini luya kufuneka lulawulwe kakuhle ngesigaba sokwakhiwa yaye kuya kuba khona okuncinane okukhutshwayo okuvela kwisixokelelwano esixhasayo esibonelela ngamandla kodwa i-NPS ebekwa phambili ayisayi kubangela inguqu ebambekayo kubulunga bomoya kwezi ziza. Oku kunjalo nangengxolo nangona kuya kuba khona amazinga oxinzelelo lwengxolo eninzi ngesigaba sokwakhiwa. Umgama ukusuka kwiziza ukuya kwezona zamkeli ezikufutshane eziva ngokukhawuleza uqinisekisa ukuba akusayi kuba khona zinguqu zibambekayo kwingxolo esoloko ikhona kokungqongileyo evela kwiintshukumo ezayamene ne NPS ebekwe ngaphambili ezidibene nezinye iintshukumo kwimimandla ehambelana nazo.

Uluvo lwabantu kukukhathazeka ngokunzulu malunga neziphumo ezibi ezingathi zibe khona empilweni ze NPS ebekwe phambili kwizinga lokukhutshwa ngengozi nangokugqithisileyo kuze kubekho ukufa okungenzeka ngoko nangoko okanye umonzakalo oqatha okanye umngcipheko wesigulo esiqatha sexesha elide. Ukuba enye kwezi okanye zombini zingathi zenzeke, iziphumo zingathi zibe mandundu kakhulu yaye nawuphi umngcipheko wokufa kwabantu ufanele ukubekwa

ukuqatshelwa njengobaluleke kakhulu yaye oku kubekwe ngalo ndlela kanye kolu hlolo. Into eyenza lo mngcipheko unyamezeleke kukuba oku akunakufane kwenzeke ngenxa yeenkqubo zokhuselo eziliqela ezisetyenzisiweyo kuyilo nasekuqhubeni i-NPS yala maxesha. Ezi nkqubo zokhuselo ziliqela zibona amazinga aphakamileyo okuphinda-phindana kwisixokelelwano solawulo nesokupholisa esincediswa ngamazinga amaninzi okugcina okuyingozi kuvalelekile. Ezi nkqubo zokhuselo ziliqela ziqinisekisa ukuba ukukhutshwa kwemitha ye-radiation kwisikhululo samandla kugcinwa ngaphantsi lee kwamazinga akhoyo eemitha kokusingqongileyo phantsi kwazo naziphi iimeko yaye ke ngoko ukufa ngenxa yokuziveza kwemitha ye radiation kungathi kungenzeki ngokuphakame kakhulu.

Umngcipheko wokufa ngokuziveza kwizinto ezingenayo imitha ye radiology kwi NPS ungavela kwiingozi zezithuthi, ukunyuka okungakhona kwe HIV/AIDS ngenxa yokuba khona kwentlaninge yabasebenzi nokwanda kwamathuba olwaphulo-mthetho olungathi lube ndlongondlongo. Ezi ziphumo ziye zayanyanise neprojekthi ezinkulu zokwakha yaye ubungakanani bezi ziphumo buye buphelele ngokunjalo kwindawo leyo kwenziwa iprojekthi kuyo. Nangona kukho udambiso olubekwe phambili lokunciphisa lo mngcipheko wokufa, kusaya kwenzeka oku nangona kuya kuba kwizinga eliphantsi noko. Udambiso luya kunyina kuphela ubungakanani hayi ukuthintela kona ngokugqibeleleyo. Ngeenjongo zokuthatha izigqibo, ukuba isigqibo sesokuqunyazisa le NPS ibekwe ngaphambili, kufanele kuqatshelwe ukuba lo mngcipheko ungenanto yakwenza nemitha ye radiation ungakhona. Uthuli oluveliswa ngoomatshini kwiintshukumo zokwakha nalo lubeka abantu emngciphekweni kodwa indlela yokuchithwa kothuli kubonisa ukuba ubungakanani balo nuya kuba ngaphantsi lee kumgangatho okhoyo wothuli abahlala nalo abantu ngokwesiqhelo, umgangatho lowo okhusela impilo yabantu.

Impilo ekhoyo yabantu ingaphuculwa nayo zizibonelelo ezongezekileyo eziya kusekwa eziya kongeza izibonelelo zonyango kunye nokuphuculwa kwesobonelelo samanzi nococeko eziza nale projekthi. Ezi zibonelelo zongezwayo zinganceda ukususa uxinzelelo olongezekileyo kwezi nkonzo zibangelwa kukwanda kwenani labantu kodwa ngokuqinisekileyo kuya kuba khona iinzuzo ezongezekileyo zabantu abangabahlali kule ngingqi. Kwakhona, kufanele kuqatshelwe ukuba ezi nzuzo ziya kubonakala kakhulu e Thyspunt kunase Duynefontein kuba i-Duynefontein sele ineenkonzo ezisele ziphuhle ngcono nezibonelelo ezingcono kunase Thyspunt.

Kukhe kwaphakanyiswa ukukhathazeka malunga nokungqonge iilwandle kuzo zombini ezi ziza ngenxa yokudibana kweprojekthi nokungqonge iilwandle ngotsalo lwamanzi ngeenjongo zokupholisa nokusela nokukhutshwa kwamanzi okupholisa afudunyeziweyo namanzi anetyuwa. Ukwakha kukwanobungozi bokukhuphela amanzi emvula angcolisiweyo elwandle nakokungqonge ulwandle yaye nenkukuma eshiyekileyo icetyelwa ukulahlwa elwandle. Kuko konke okwenziwayo kuya kuba khona ulawulo oluya kunyina umngcipheko wenguqu enkulu kokungqonge ulwandle. Olu lawulo luquka imida ecacileyo yokulahlwa kwenkunkuma elwandle, ukungxengwa kwamanzi anetyuwa avela kwiziko lokukhupha ityuwa kusetyenziswa amanzi apholisayo nento enabisayo ukunyina ifuthe lamanzi afudunyeziweyo kungena kokungqonge ulwandle. Ukweliswa kobulunga bokungqonge ulwandle kuthathwa njengomngcipheko oshiyekileyo osezantsi.

Okokugqibela, kodwa okubalulekileyo, kuninzi okwenziwa xa kusakhiwa okungathi kuchaphazele ubulunga bamanzi aphezu naphantsi komhlaba kunye nobungakanani bamanzi aphuma phantsi komhlaba. Ezi ntshukumo zayamene nokuba khona kwee hydrocarbons nezinye iikhemikhali

eziyangozi ezingathi zichithwe ngexesha kusakhiwa. Nangona kungekho mijelo yamanzi ehamba unyaka wonke kuzo zombini ezi ziza, olu chitheko lungabangela ukungcoliseka kwamanzi abalekayo emvuma, nto leyo enganefuthe kwimigxobhozo, kubulunga bamanzi aphantsi komhlaba ngokutyhutyha / ngokutsalwa okanye ukutyekwezwa elwandle. Ulawulo olungqingqwa luya kufuneka hayi ukunciphisa ubungozi bokuchitheka kuphela kodwa ukuqinisekisa ukuba kukho ukucocwa okukhawulezileyo ukuba kukho ukuchitheka okuba khona ukuthintela ukungcoliseka okuhamba nomsinga. Ukuchitheka okukhulu kufanele kuthintelwe ngodambiso olubekwe phambili kodwa ukuchitheka okuncinane noko kuye ngelishwa kwenzeke kwiziza ezikhulu zokwakha. Ukusetyenziswa ekuqaleni kwamanzi aphantsi komhlaba okufunekayo kuzo zombini iziza phambi kokusekwa kwendawo yokususa ityuwa emanzini olwandle kusekelwe hayi ukudala ukuncipha kokukhutshwa ngamanzi aphantsi komhlaba nokusetyenziswa kwamadonga ehidroloji ukuvalala imimandla echaphazelekilayo kukususwa kwamanzi kuya kunyina ubungakanani botsalo ngoko kungachaphazeli nangezphi iindlela ezibambekayo uqukuqelo lwamanzi aphantsi komhlaba okanye ubungakanani bawo.

Kuggitywa kwelokuba zombini eziz ziza zamkelekile ngokwokungqonge zona ukuba kubekwe isikhululo samandla enyukliya kuzo. Isiza sase Thyspunt sithathwa njengesona siza sikhethwayo yaye kuyacetyiswa ukuba sigunyaziswe yi DEA (nemiqathango) usenzelwa i Nuclear-1. I-Eskom ifanele iqinisekise ukuba la manyathelo okudambisa afunekayo ayazalisekiswa kakuhle. Kubalulekile ukukhumbula ukuba alukho kuhlobo lweengcaphephe oluchonge iziphene ezibulalayo kuzo naziphi kwezi ziza zishiyekileyo, yaye zombini ezi ziza zibekwe ngaphambili zisabonakala zinokuphumelelisa ukuphuhlisa kwesikhululo samandla enyukliya, se Nuclear 1, ebekwa phambili ngoku, okanye esinye isikhululo samandla kwixesha elizayo. Ngoko, isiza esikhethwayo seso sibonelela ngeyona mbuyekezo inkulu ikhawulezileyo xa kujongwa kwisibonelelo sombane. I-Thyspunt iya kuyomeleza i-grid yasempuma incede nokudala iziko lokuvelisa kunxweme olugugutha impuma.

Iindlela zokuvelisa amandla

Uhlolo oluthelekisayo lobugcisa obusetyenzisiweyo ukuvelisa amandla njengenxalenye yesiGaba soKhangelo luvlise ezi ziqqibo zilandelayo

- Obunye ubugcisa obunokukhethwa bokuvelisa amandla buquka amalahle njengesibonelelo abusebenzi kuveliso lwamandla kwimimandla eselunxwemeni eMzantsi Afrika nanjengoko izibonelelo zamalahle zikumaPhondo aseMpumalanga nase Limpopo. Ukuthumela umbane ovela kule ngingqi ukuya kumaphondo eMpuma neNtshona Koloni kubangela ilahleko enkulu /nokungasebenzi ngenxa yomgama othathwayo;
- Nangona i-Eskom ihleli izibophelele ekuchongeni iindlela amandla in which renewable energy (e.g. wind and solar power) may be utilised to assist in the supply side of its operations, such technologies currently do not provide the capacity to provide a reliable base load (as per chapter 4) and easily integrate into the existing power network in South Africa;
- At present the only viable technology for large scale base load electricity production within the borders of South Africa, other than coal, is nuclear power; and
- Hydro-electric power is not considered a feasible alternative due to the scarcity of water in South Africa and the limited potential energy of our water resources. South Africa and Eskom are committed to work with Southern African countries for supply options that could potentially be derived from hydro-power. Realising such opportunities will take time and there is too much uncertainty currently to be able to plan effectively for such realisation.

Policy dictates that South Africa must make increasing use of nuclear power generation to reduce greenhouse gas emissions to comply with commitments made at the Copenhagen Climate Change Summit in December 2009. These commitments require South Africa to reduce CO₂ by 34 % by 2020. Over the full lifecycle greenhouse gas emissions from nuclear power generation is a fraction of those

generated using coal. The Integrated Resource Plan (IRP) presents these arguments and accordingly includes 9 600 MW of Nuclear in the power generation mix. The continued use and further development of renewable energy technologies is in no way precluded by the choice of nuclear. As pointed out earlier in this EIR, nuclear generation is not seen as an alternative to renewable technologies in the IRP. Indeed the IRP presents that both technologies need to be developed in parallel. In addition to all existing and committed power plants (Medupi, Kusile and Ingula), the IRP presents that projected electricity demand in South Africa will be supplied using the following technology mix:

- 9.6 GW (9 600 MW) nuclear;
- 6.3 GW of coal;
- 11.4 GW of renewable energy; and,
- 11.0 GW of other generation sources.

Ngokuphathelele kwezobuchwepheshe bokuvelisa amandla, uveliso lwamandla enyukliya nolubaselwa ngamalahle zizo kuphela iindlela zobuchwepheshe ezingqiniweyo zomthwalo wesiseko. Kuyakhetheka ukwakha izikhululo zamandla ezibaselwa ngamalahle kufuphi nomthombo woncedo ngenjongo yobuchule nezizathu zeendleko. Umjikelo wobomi wamagalelo okuvelisa umbane ngenyukliya ngokubhekiselele kwigesi ekhutshwayo ngokuphathelele kulondolozo lobuluhlaza bendalo nococeko lomoya (greenhouse) zicinci xa zithelekiswa nokuvelisa umbane ngomlilo wamalahle. Oku kubonisa ukuba ukuvelisa umbane ngenyukliya yinxalenye efunekayo yobuchule yoMzantsi Afrika yokuvelisa umbane ongezelelweyo ngama-40 000 MW ngonyaka wama-2025. Imithombo yamandla evuselekayo efana namandla aveliswa kwilanga nomoya akavelisi umthwalo wesiseko oqinisekisiweyo womthamo ofunekayo. Nangona kunjalo, oku akubekeli bucala uphuhliso lobuchwepheshe bamandla avuselekayo, okufuneka lwenzeke ngokunxuseneyo nokuveliswa kwamandla ngenyukliya.

Intlobo zee-injini zenyukliya

Ii-Pressurised Water Reactor (iziXhobo zokwenza aMandla ngee-atom ngaManzi aXinzelelweyo) ngokwezizwe zezona reactor zenyukliya zisetyenziswa ngokuxhaphakileyo. I-KNPS isebenzisa ubuchwepheshe be-Pressurised Water Reactor yaye ngako oko luhlobo oluvavanyiweyo lokuvelisa amandla olusebenze ngokhuseleko iminyaka engama-27 egqithileyo. UESkom ubuqhelile obu buchwepheshe ngokwembono yezempilo nokhuseleko, nangokwemeko yokusebenza.

Iindlela zothutho

Uthutho ngomgaqo lwamkelwe njengesisombululo esisodwa sokuthutha imithwalo enzima ukusuka emazubukweni ukuya e-Duynefontein nase-Thyspunt. Nangona kunjalo, e-Bantamsklip, ngenxa yeempuculo ezininzi zezixhobo zokusebenza eziya kufuneka kuthutho lwezixhobo ezinzima ukusuka kwizibuko laseKapa, uthutho ngesikhophe esinesinqe esibanzi (i-barge) ukusuka kwizibuko laseKapa kucetyiswe ngaso njengenye indlela yothutho ngaphandle kweyomgaqo.

Ngokwembono yezokusingqongileyo, le ndlela eyenye ithathwa ingamkelekanga, ngenxa yeempembelelo ezibalulekileyo ezilindelweyo ezinokuba kho xa kusakhiwa amalungiselelo okumisa isikhophe (i-barge). Nangona lungekho uhlobo olukhethekileyo olwenziweyo lweendawo zokumisa ezinokufuneka, iinkqubo zohlolo zezilwanyana ezinomqolo namafa obuzwe zozibini ziphawule ummandla oselunxwemene kufuphi nesiza sase-Bantamsklip unovakalelo oluphezulu lokuphazamiseka. Nangona kunjalo, ulwakhiwo lolungiselelo lokumisa isikhophe lungafuna inkqubo ehlukeneyo ye-EIA.

Ukuhambisa ngesikhophe imithwalo enzima ngokungaqhelekanga ukuya e-Bantamsklip ngako oko akwamkelwanga njengenye indlela kule-EIA.

Iindawo zesikhululo samandla enyukliya kwiziza

Izimo ezitshayeleyo zeziza 'ezirhangqe' indawo yokumisa isikhululo samandla beziphuhlise nguESkom esenzela isiza ngasinye esitshintshanayo. Ezi zimo bezinikwe iingcali yaye emva koko zalungiswa ukujongana nemicimbi ethile neenkxalabo ezivezwe ziingcali. Imaphu zeengcali zovakalelo zidityanisiwe kwaze kwaveliswa iimaphu ezimanyeneyo zovakalelo ukubonisa ezona ndawo zifaneleke kakhulu ngokokusingqongileyo ukuba kumiswe isikhululo samandla enyukliya esicetywayo. Ukugqibezela izimo zesiza, ukuba isikhululo samandla sigunyazisiwe, kuya kufuna

uphando olunzulu, ngokusebenzisana neengcali ezifunde ngokufanelekileyo nezinamava, sakuba isiza esithandwayo nohlobo lwe-injini yamandla iqinisekisiwe.

Ngokusekelwe kubukhulu bemimandla efanelekileyo ngokokusingqongileyo ukumisa isikhululo samandla enyukliya kwiziza ezitshintshanayo (phakathi kwe-172 ha nama-293 ha), kunye nobukhulu obucetywayo bokumisa i-Nuclear-1 (ama-200 ukuya kuma-280 ha), akunakwenzeka ukwakha izikhululo ezongezelelweyo, ngaphezulu kwe-Nuclear-1, nakwesiphi seziza ezitshintshanayo.

Nangona kukho izincomo ezibanzi ezixeliweyo ngentla malunga nenani lezikhululo zamandla ezinokwakhiwa kwisiza ngasinye, kufuneka kugxininiswe ukuba isicelo sangoku sesesikhululo samandla enyukliya esinye sobukhulu bama-4 000 MW. Iimpembelelo ezongezelekayo zezikhululo zamandla enyukliya naziphi ezongezwayo kwisiza esikhethekileyo (ukuba sigunyazisiwe) kungafuneka siqinisekise kwinkqubo entsha ye-EIA phambi kophuhliso naluphi olongezelelweyo.

Ukusebenzisa amanzi omhlaba atsaliweyo

Amanzi omhlaba aya kutsalwa ukusuka kwimixuma enzulu kwiziza zonke ezintathu ngenjongo yokuvumela ukwakhiwa kweSiqithi seNyukliya. Enye indlela enokukhethwa yokutsala amanzi omhlaba kukugcina nokusebenzisa amanzi kwisiza. Nangona kunjalo, umthamo wamanzi anokukhutshwa, ngokukodwa e-Thyspunt, kungafuneka amanye amanzi echithelwe elwandle. Ukugqithisela amanzi kwinkqubo yobonelelo ngamanzi kamasipala kuthathwa njengento engenakho ukwenzeka nakwesiphi seziza ezitshintshanayo, ngenxa yomgama ukusuka kweyona ndawo ikufuphi elungiselelwe iinkonzo zedolophu. Ngako oko, indibaniso yokugcina nokuchithela elwandle iyakhuthazwa.

Ubonelelo ngamanzi amatsha

Kuzo zonke iziza ukususwa kwetyuwa emanzini kuqinisekisa umthombo wobonelelo ngamanzi amatsha ukuqhuba lonke ixesha lobomi besikhululo samandla enyukliya ngaphandle koku phazamisa ukufumaneka kwamanzi amatsha kwabanye abasebenzisi. I-injini yokususa ityuwa emanzini ngako oko yenye indlela ekhethwayo yokubonelela ngamanzi amatsha kuzo zonke iziza ezitshintshanayo.

Ukuphathwa kwamanzi anetyuwa

Nayiphi indlela yokulahla amanzi anetyuwa elwandle okanye ukulahla amanzi anetyuwa kwakunye namanzi okupholisa elwandle yamkelekile ngokokusingqongileyo. Ukulahla amanzi anetyuwa elwandle kufuneka kusetyenziswe kuphela ngexesha lokwakha, yaye kufuneka amanzi anetyuwa angadityaniswa namanzi okupholisa akhutshelwa elwandle ngexesha lesigaba sokusebenza.

Ukungenisa amanzi aselwandle

Ukufakwa kweetonela zokungenisa nokukhupha amanzi okuquka ukufakwa kwemibhobho yangaphantsi kolwandle, efumana amanzi kulwandlekazi nokubonelela ngamanzi okupholisa kwindawo yokuwagcina (isidibi sokuwamkela) ebekwe kufuphi nezindlu zempompo yamanzi okupholisa yiyo kuphela indlela enokusetyenziswa kuzo zonke iziza ezitshintshanayo.

Indlela yokuphuma kwamanzi neekhemikhali ezimdaka

Izakhiwo zokukhupha amanzi okupholisa neekhemikhali ezimdaka kufuneka zenziwe kude nonxweme. Zonke izinto ezikhutshwayo kufuneka zenzeke kwimigama efanelekileyo njengoko kuchaziwe ziingcali ezichanekileyo. Ngokuxhomekeke ekubeni amanyathelo akhethekileyo okuthomalalisa achongiweyo kwingxelo yebhayoloji yolwandle ayalandelwa, ukulahla kwamanzi amdaka kude nonxweme ngako oko yenye indlela ekhuthazwayo.

Ukufikelela kwiisayithi

Isiza sase Thyspunt sifuna uhlaziyo lwendlela yokuhamba kwezithuthi ngokuphathelele kwiindlela zikawonke-wonke, ufikelelo nokukhutshwa kwizakhiwo ngexesha likaxakeka ngesigaba solwakhiwo. Iindlela ezicetyiswayo kwisilungiso 9 seNgxelo yeziThuthi zahlaziywa emva kokubonelelwa kwe EIR eyilwayo eHlaziyiweyo ukuba kufunyanwe uluvo lukawonke-wonke ngoMeyi 2011. Ngokusekelwe kolu hlaziyo, i R330 kubekwa phambili ukuba ngoku isetyenziselwe kuphela izithuthi ezihambisa abantu kunye nezithuthi ezinomthwalo ongaqhelekanga, yaye izigaba ezithile ziya kufuna ukulungiswa kusenzelwa le njongo. Umgaqo i-Oyster Bay Road ngoku kubekwa phambili ukuba ulungiswe ube yindlela egudileyo esetyenziswa ngexesha lezigaba zolwakhiwo nokusebenza ukuze abasebenzi babe

nofikelelo nezithuthi ezinkulu nendlela yokuphuma xa kukho imo yonxunguphalo yemimandla efana ne Oyster Bay. I-DR1762, edibanisa i-R330 nomgaqo i-Oyster Bay Road ibekwa phambili ngoku ukuba ilungiswe igude ukubonelela ngoqhagamshelwano oluphucukileyo phakathi kwempuma nentshona. Indlela ezihamba kude nezakhiwo ukuya empuma nasentshona ye Humansdorp nazo ngoku zibekwa phambili ukuba zakhiwe ukunciphisa ukuchaphazeleka kwezithuthi kumbindi we Humansdorp. Ngenxa yoku, izithuthi ezinzima zokwakha ezifikelela kwisiza sase Thyspunt azisayi kufuneka zihambe phakathi kumbindi we Humansdorp.

Kukhe kwajongwa iindlela ezine zoFikelelo eNtshona ekuqaleni ezingoo W1, W2, W3 no W4. U W1 ukuya ku W3 zonke zivela kumntshona wo Umzamuwethu (phakathi ko Umzamuwethu ne Oyster Bay), ngexesha i-W4 ivela kwindlela i Humansdorp-Oyster Bay road ukuya empuma yo Umzamuwethu. I-W4 yayikhatyiwe ekuqaleni ziingcaphephe zokusebenza komzimba (biophysical specialists) ngokuba kungenzeka ichaphazele ummandla osentshona wethafa leenduli zeSanti eziHambayo e Oyster Bay kunye nezixokelelwano ezisebenzisanayo ezimosheka lula, ukunqumla kwayo umgca wokomisa nobude bawo. Nge W1, W2 ne W3, i-W1 ithandiwe luninzi lweengcaphephe.

Ukuqonda okukhathaza i-I&AP malunga nendlela yasentshona efikelelayo kwafunyanwa ngexesha lezimvo zikawonke-wonke zango 2011 malunga ne EIR eYilwayo eHlaziyiweyo (ushicilelo 1), kukhangelwe uhambelwano olutsha lweNdllela yoFikelelo eNtshona. Ezi zizezinye ziggalise ekuhambelanisenii iNdllela yoFikelelo eNtshona nempuma yo Umzamuwethu ukuthintela ukuba indlela ingadali iyantlukwano phakathi ko Umzamuwethu ne Oyster Bay. Olunye uhambelwano olulolunye nale ndlela luya lwakhangelwa pha ukuya ekupheleni kuka 2012 yaye okunokukhethwa okungaphakathi okukokona kude eOyster Bay (IR2) luye lwacetyiswa emva koku. Olu hambelwano lunefuthe elithile kwezokusebenza komzimba kodwa alubalulekanga kangako ukuba lungabangela izinto ezibulalayo.

Ukuhanjiswa kwenkunkuma kunye

Ngokusekelwe kwiziphumo zomzekelo wezifundo ngamalwandlekazi nohlolo lovakalelo lolwandle, kukhuthazwa ukuba izinto ezingafunwayo ezicolekileyo zilahlwe kwimekobume yolwandle. Ezishiyekileyo, ezingenakho ukupompelwa elwandle, kufuneka zilahlwe emhlabeni yaye zisetyenziselwe imisebenzi efana nokugudisa iyadi ye-HV, ukunciphisa ubukho bazo. Kufuneka kusetyenziswe umyili wezakhiwo wembonakalo-mhlaba ukunceda kuyilo olufanelekileyo lwendawo zokulahla inkunkuma yezinto ezingafunwayo ngenjongo yokunciphisa impembelelo yembonakalo.

Indlela eyodwa enokwenzeka nenokwamkelwa yokulahla inkunkuma yokusasazeka kwemitha yoMphakamo oPhantsi noMphakamo oPhakathi kukulahlwa kwiSiza sokuLahla Inkunkuma yeNyukliya e-Vaalputs. Yiyo kuphela indawo yoncedo olugunyazisiweyo lokulahla inkunkuma yolu hlobo eMzantsi Afrika yaye inomthamo owaneleyo wenkunkuma eya kuveliswa yi-Nuclear-1.

Ngokuphathelele kwiNkunkuma yoMphakamo oPhezulu (izibaso ezisetyenzisiweyo), indlela eyodwa efumanekayo okwangoku eMzantsi Afrika yeyogcino lwexesha elide lwezibaso ezisetyenzisiweyo kwisikhululo samandla senyukliya. I-Vaalputs iyaqwalaselwa njengesiza sokulahla iNkunkuma yoMphakamo oPhezulu, kodwa iinkqubo zogunyaziso olufunekayo zolu ncedo ziya kuthatha iminyaka eliqela, ngako oko okwangoku ukulahlwa kwezibaso ezisetyenzisiweyo kule ndawo yoncedo lukhetho olungenakwenzeka.

Enye indlela yokuThintela ukuHamba

Njengoko kukho imfuno engxamisekileyo yamandla ngokusekelwe kuhlumo loqoqosho eMzantsi Afrika, enye indlela yokuThintela ukuHamba ayicingwa iyenye indlela enengqiqo, njengegunya likaEskom lokubonelela ilizwe ngamandla. UEskom, ngandlela zonke ezilindelekileyo, uya kufaka isicelo sokuphuhlisa izikhululo zamandla ezongezelelweyo ezibaselwa ngamalahle ukuba isicelo sangoku siyalandulwa. Iimpembelelo kokusingqongileyo zomjikelo wobomi bokuveliswa kwamandla ngokubaselwa ngamalahle zinkulu kakhulu kunemveliso ebaselwa yinyukliya. Kunokuba nzima nangakumbi ukuphuhlisa izikhululo zamandla ezibaselwa ngamalahle kwixesha elizayo, ngenxa

yerhafu yekhaboni eya kuhlawuliswa amazwe aqhubekayo ukukhupha iigesi ezitshabalalisa ulondolozo lobuluhlaza bendalo nococeko lomoya (i-greenhouse). Enye indlela yokuThintela ukuHamba ingathetha ukuba iinzuzo ezinokuba kho ezivela kwiprojekthi ecetywayo azinakufikelelwa. Ngokuphathelile koku, kubalulekile ukulungelelanisa inzuzo, iintswelo neembono zamazwe angabamelwane nomdla wesizwe wothungelwano lombane olukhuselekileyo olulungiselela uphuhliso oluzinzileyo lwexeha elide loqoqosho loMzantsi Afrika. Nangona iimpembelelo ezingalunganga ezinokwenzeka zeprojekthi ecetywayo zinokuphetshwa ngendlela yokuThintela ukuHamba, kunyanzelekile ukuba uMzantsi Afrika uphuhlise umthamo wawo wokuvelisa amandla, ngokukodwa eNtshona naseMpuma Koloni.

Amanyathelo abalulekileyo okuthomalalisa nemiqathango yogunyaziso

Iziphumo zezifundo zobungcali ezenziwe phakathi kwale-EIA zinikela ngohlolo lwazo zombini iimpembelelo ezilungileyo nezingalunganga ezinokwenzeka ezilindelweyo ngenxa yeprojekthi ecetywayo. Iziphumo zigqiba kwelokuba azikho iziphene ezibulalayo zokusingqongileyo ezinokuthintela iprojekthi ecetywayo ekuqhubekeni nakwesiphi seziza ezitshintshanayo, ngokuxhomekeke ekubeni amanyathelo akhuthazwayo okuthomalalisa nokulawula ayaphunyezwa.

Kunyanzelekile ukuba izincomo zokuthomalalisa eziqulathwe kule-EIR, i-Environmental Management Plan (i-EMP) (isiCwangciso soLawulo lokuSingqongileyo) nezifundo zobungcali ziphunyezwe ngokungqongqo. Amanyathelo okuthomalalisa eempembelelo zebhothani, zezilwanyana ezinomqolo nezingenawo umqolo, imigxobhozo, ukwakheka komhlaba weendunduma nemithombo yoncedo yamafa obuzwe abaluleke ngokukodwa. Ukuthomalalisa iimpembelelo zamafa obuzwe kuya kufuna ngokukodwa umsebenzi weqela elikhethekileyo lesiza elizinikele kukugrumba kwithuba lexesha leenyanga ezintandathu ukuya kunyaka phambi kokuqalisa kokwakhiwa. Kananjalo kuya kubaluleka ukubandakanye iingcali ezifundileyo nezinamava zebhothani, zezilwanyana ezinomqolo nezingenawo umqolo, ukwakheka komhlaba weendunduma nezamafa obuzwe ukulungisa ngocoselelo indawo yesikhululo samandla kwisiza.

Ukuze kufikelelwe kwimigangatho yolawulo lokusingqongileyo efanelekileyo nokuqinisekisa ukuba iziphumo zezifundo zokusingqongileyo ziyaphunyezwa ngamanyathelo aphahekayo, izincomo (eziquka izincomo zengcali yobuchwepheshe) ezivela kule EIA ziqukiwe phakathi kwe-EMP (ukuthobela ummiselo we-NEMA Regulation 34) oqukiweyo kwiSihlomelo F. Kufuneka le EMP ibe yinxalenye yekontraki noosokontraki abalathelwe ukwakha isikhululo samandla enyukliya esicetywayo nezakhiwo ezayamane naso. Kufuneka i-EMP isetyenziswe ukuqinisekisa ukuthobela imiyalelo yokusingqongileyo namanyathelo olawulo ngamaxesha azo zonke izigaba zeprojekthi. Kuyimfuneko ukuphumeza le EMP yazo zonke izigaba zomjikelo wobomi (oko kukuthi, ukwakha, ukusebeza nokuphelisa ugunyaziso).

I-EMP luxwebhu olushukumisayo yaye njengoko ulwazi olutsha lufumaneka ekuhambeni kwexesha, okanye njengoko izifundo zifundwa ekuphumezeni izincomo ze-EMP, kufuneka i-EMP ihlaziye ekuhambeni kwexesha.

INDELELA EYA PHAMBILI

I-NNR igunyazisiwe yiNNRA ukuba inikezele ngokhuseleko lwabantu, izinto zabantu kunye nobume bemeko kumonakalo wenyukliya, ngokuthi kusekwe imigangatho yokhuseleko kunye neendlela zolawulo. Ngokubhekiselele kwiCandelo 21 le NNRA, u-Eskom kufuneka angenise isicelo ngokusesikweni selayisenisi yokwenza isikhululo samandla enyukliya, isayithi, ukwakha, ukusebenza, ukususa isidyobho sento enobungozi nokuqhawula isivumelwano sentengo. Umthetho unika ithuba iBhodi yeNNR ukuba ibambe imihlangano kawonke –wonke ngokubhekisele kwimpilo, ukhuseleko nemicimbi yobume bemeko ebhekisele kwisicelo eso.

NgokomGaqo-Siseko weRiphabhliki yoMzantsi Afrika (Umthetho No. 108 yowe-1996) kunye noMthetho oyi- National Environmental Management Act, iDEA inoxanduva lokuhlola impembelelo

yesikhululo samandla ombane kubume bemeko. Ukwamkela uxanduva olucacileyo oluntlantlumbini malunga nohlolo lwengozi zokukhupha imitha, iNNR kunye neDEA isayine isivumelwano sentsebenziswano apho ivumayo ukuba iDEA, njengeziphatha- mandla kwimicimbi yobume bemeko, kunye ne NNR ziya kusebenzisana kuhlolo lwemicimbi enxulumene nenyukliya. Malunga noku, iingcaphephe zezifundo zemiba yeradiyoloji zibandakanyiwe kulwazi oluya kuxhasa iDEA ekuthatheni izigqibo.

Le Drafti eHlaziyiweyo ye- EIR (Isilungiso 2) isasaziwe ukuze abantu banike izimvo zabo kuzo zonke i-I &AP Inani leendibano zikawonke-wonke ziya kubanjwa ngexesha lokuveza izimvo kwixesha lale Drafti eHlaziyiweyo eyi –EIR (Isilungiso 2). Zonke izimvo kolu xwebhu ziya kuqatshelwa ngu GIBB kwaye iimpindulo kulo ziya kunikezelwa kwingxelo yemiCimbi neNgxelo (IRR) phambi kokungeniswa kweyokuGqibela iEIR kwiDEA ukuze ithathe isigqibo.

Kuyaqikelelwa ukuba iDEAET yaseMpuma Koloni kunye neDEA neDP yaseNtshona Koloni ngokunjalo kunye neNNR (kwamanye amaSebe kaRhulumente) iya kunika izimvo kwiDEA malunga nokufezeka kweEIR yokugqibela kwaye iDEA iya kuziqaphela ezi zimvo phambi kokuba yenze isigqibo malunga nokwamkeleka kweprojekthi yeNyukliya 1. Zonke i- I&AP ziya kwaziswa malunga nokufumaneka kolwazi kanjalo nesigqibo seDEA.

I-DEA igunyazisa isikhululo samandla senyukliya ecetywayo, kufuneka igunyaziswe ngokungqongqo ngokwemiqathango eboniswe kwiEIR yokuGqibela. Ukuba amanye amanyathelo okuthomalalisa afunwayo akaphunyezwa phambi kokuqala ukwakha, njengoko kukhuthaziwe (umz., imiqathango ngokuphathelele kukombiwa kweziza ze-archaeology ne-palaeontology), ngako ke ukwakhiwa kufuneka kungavunyelwa ukuqalisa.

Ukuba naziphi iinguqu eziphathekayo kuyilo lwesikhululo samandla esicetywayo emva kokunikela i-Final EIR kwiDEA ngenjongo yokuthatha isigqibo, uhlolo kwakhona lweempembelelo zokusingqongileyo lungafuneka. Ukuzigqibela ngokuphathelele kwiinkcukacha zobuchwepheshe zesikhululo samandla (njengoko kunikwe iinkcukacha kwiConsistent Dataset – Isihlomelo C) **zibalulekile** malunga nalo mba. Wakuba umthengisi wesikhululo samandla senyukliya echongiwe, kufuneka kuqinisekise ukuba imiyalelo yesikhululo samandla iyaqhubeka ukuhambelana ne-Consistent Dataset, esebenze njengesiseko senkqubo yaleEIA. Kukhuthazwa ukuba kufuneka uEskom abonelele ngesiqinisekiso esinjalo kwiDEA kuselishesha phambi kokuqala kokwakhiwa kwesikhululo samandla.